UBUKHO BUKATHIXO BUNGAQATSHELWANGA

Ngoku ngelixa izihlwele zethu zizincinci, sizakuzama u—ukukhawulezisa, siphume ukuze sibenakho, sisebenzele le njongo inye, ukwenzela wena uqaphele uBukho bukaYesu Kristu. Yabona? Ukuba Yena ukhona, ngoko, kutheni, yonke into igqityiwe. Wenza iLizwi. Yena ulapha ukuqinisekisa Lona. Uyabonakalisa ukuba Yena uyakuliqinisekisa Lona. "UsenguYe nje izolo, namhlanje, naphakade." Simbonile Yena eyenza phezolo, ngokungasileliyo; siyambona Yena, ubusuku emva kobusuku, kunye nosuku emva kosuku, kunye nonyaka emva konyaka. Zange nangaxesha linye Wakhe waqikelela into, kungakhathaliseki okokuba kwakunini, ukuba iyakwenzeka nini, kumawaka amaxesha, oko kwakuchaneke ngokupheleleyo, kwixesha, kwaye ngokuchanekileyo. Ingayenza njani? Bangaphi abakwaziyo oko, kwaye belwazi nolungiselelo, kwaye besazi ukuba oko kuyinyaniso? [IBandla lithi, "Amen."—Mhl.] Nantso ke. Nangalinye ixesha, nokuba kutheni, nkqu nokuba akukwazeki kangakanani, yenzeka nje ngendlela enye. Yena unguThixo! Kwaye ukuba nje siyakuqaphela oko, sikubambe!

2 Kwaye ngoku sinexesha nje elifutshane lokuba lapha. Ndicinga obuthathu ngaphezulu ubusuku, okanye obubini ngaphezulu ubusuku kunye nemini, emva kobu busuku. Ndicinga iCawa emva kwemini yinkonzo yokuvala. Sizama ukuvala ngeCawa emva kwemini ukuze abelusi naye wonke ubani. . . Asifuni kunigcina ningayi ebandleni lenu. Sifuna nje ukwengeza ngaphezulu ebandleni, size sininike olungaphezulu ukholo kuThixo enimkhonzayo ebandleni lenu. Yabona? Kwaye asifuni iingcango zebandla zivalwe, konke konke. Sifuna nina nihlale phaya, kodwa siyazama nje ukuninceda, ukunikhuthaza. Imvuselelo ayithethi kwa nokongeza ngaphezulu ebandleni; imvuselelo ithetha ukuvuselela oko ubusele ukufumene; injalo lonto, imvuselelo.

3 Ndabukela ngenye imini elunxwemeni lolwandle, apho umoya wawubhudla, kwaye lwalushukuma nje. Kutheni, kwakungekho elunxwemeni lolwandle, kwaku—kwakuphezulu eLake Michigan. Ndandimi phandle phaya ndibukele amaza njengoko ebesaya kuza, kwaye—kwaye, owu, ela lwandle lalixhumaxhuma, okanye amanzi exhumaxhuma, kwaye—kwaye imikhombe idlikidleka. Ndaza ndacinga, "Yintoni leya iqhubekayo?" Ndacinga, "Kutheni, ichibi linemvuselelo." Nantso ke. Liyaxhuma kwaye lidlikidleka, kutheni? Kukho umoya omkhulu ovuthuzayo usihlela kulo. Ndacinga,

“Kulungile, uyayazi intoni? Akukho nalinye ithontsi lamanzi ngaphezulu kulo kanye ngoku kunokuba bekukuko ngelixa belizole ngokugqibeleleyo.” Akukho manzi angaphezulu kulo; lonke nje lizanyazanyisiwe. Kuhle, ngoku, yintoni elizanyazanyiswa malunga nayo? Niyazi yintoni ekuyenzayo ukuzanyazanyiswa kwamanzi? Kuhlamba kukuphe yonke inkunkuma kuwo, ngaphezulu elunxwemeni.

4 Yilonto esiyidingayo, ukuhlwanjwa kokungakholwa, elunxwemeni. Sivumele iLizwi likaThixo libe nobunganga. Kuko oko esikudingayo, imvuselelo, nokuhlamba konke ukungakholwa, nazo zonke iintsholongwana neenkolelo, nezinto. Phumani nize nibone ukuba uThixo usenguThixo. Yilonto esinemvuselelo ngayo.

5 INkosi mayisincede njengoko sikhetha isiqendwana nokusifundela obu busuku. Yanga iNkosi ingasikelela ukufundwa kweLizwi Layo, lifumaneka kuMateyu oNgcwele, i—isahluko se-12, ama-38 kunye nokuya kumqolo wama-42.

6 Kwaye isiqendwana sam ngobu busuku ngu: *Ubukho BukaThixo Bungaqatshelwanga*. Phezolo besithetha ngoYesu ekubeni ekwanguye izolo, namhlanje, naphakade, kwaye sabona ukuba Wayesekwanguye izolo, namhlanje, naphakade. Ngoku uBukho Bakhe, ukuba isekwanguYe, abuqatshelwanga. Masifundeni.

> *Kwaza kwaphendula abathile bakubabhali nabaFarisi, besithi, Mfundisi, singa singabona umqondiso uvela kuwe.*
>
> *Kodwa waphendula ke wathi kubo, Isizukulwana esingendawo nesikrexezayo* sifuna *umqondiso; ke* asiyi ku*nikwa* mqondiso*, ungenguwo umqondiso kaYona umprofeti:*
>
> *Kuba njengokuba uYona ebemini ntathu nabusuku buthathu esiswini somnenga; kwangokunjalo uNyana womntu woba mini ntathu nabusuku buthathu embilinini womhlaba.*
>
> *Amadoda aseNinive aya kusuka eme* ngo*mgwebo nesi sizukulwana, kwaye asigwebe: ngokuba aguquka wona ngomemezo lukaYona; kwaye, khangelani, omkhulu kunoYona nanku apha.*
>
> *Ukumkanikazi welasezantsi uya kusuka eme ngomgwebo nesi sizukulwana, kwaye asigwebe: ngokuba wavela eziphelweni zomhlaba esiza kuva ubulumko bukaSolomon; kwaye, khangelani, omkhulu kunoSolomon nanku apha.*

7 UBukho obungaqatshelwanga! Yintoni ababenokucinga ngayo aba bantu? UThixo wasoloko, yasoloko ingalandlela lonke ixesha Esiza. Xa uYesu wayelapha ixesha lokuqala,

Wathi, “Nina—nina niqaba kwaye nihombisa iindonga namangcwaba abaprofeti, kwaye nibafaka phaya.” Yabona, into ethile iyenzeka, kwaye iyegqitha. “Kwaye uThixo uyayifihla emehlweni ezilumko nengqondi, ayityhile kubantwana abayakufunda.” UYesu wabulela uYise ngokwenza njalo. Yabona? Igqitha ngqo ebantwini kwaye abayazi.

8 Umzekelo, nina bantu bamaKatolika apha ngobu busuku, niyakhumbula kwiminyaka embalwa eyagqithayo, uJoan wase Arc, eFransi, inenekazi elincinci ngenene elali . . . Lakhokela uvukelo eFransi, kodwa ngenene lali si—sisicaka sikaKristu. Yintoni ibandla lenu elayenzayo kulo? Lamtshisela emthini, njengegqwirha, ngokuba lalibona imibono kwaye lingowokomoya. IBandla lamaKatolika lalitshisa, njengegqwirha, emthini, ngokuba wayengowokomoya kwaye ebona imibono. Iminyaka embalwa emva koko, bafumanisa ukuba la mfazi wayengongcwele. Ke kakade nenze ungxengxezo olukhulu, nomba loo mizimba yabapristi abamgwebayo yena kwaye bamtshisa, nayiphosa emlanjeni. Kakade, oko, nenza ungxengxezo olukhulu ngokuya, ngokomba le mizimba yabapristi.

9 Ngoku, ngemihla yabaprofeti, kwenzeka ntoni? Benza into ekwanye. Abazange babaqaphele bona bade babe bagqithile, ulungiselelo lugqityiwe, kwathatyathwa kwakutshwa kwabaya aboNyuliweyo, kwaze emva koko emva kokuba bemkile baqaphela ukuba bekukho umprofeti phakathi kwabo.

10 UYesu, Weza emhlabeni. Ngaphakathi kuYe yayinguYise uThixo. “Mna noBawo waM sibanye. UBawo uhleli kuM. AsindiM owenza imisebenzi, kodwa uBawo waM. Kwaye ukuba Andenzi imisebenzi kaBawo waM, musani ukuNdikholelwa.” Ngoku, ukuba niyaqaphela xa Yena wezayo, malunga nesinye—nesinye samashumi alithoba ehlabathi layazi ukuba Wayekho kwa ukubakho emhlabeni ngela xesha, kwaye noko uMsindisi wehlabathi. Kwaye ngoko zange baqaphela yayiNgubani Yena, nkqu nebandla okanye namnye ongomnye, kunzima, bade baMbethelela emnqamlezweni, bamngcwaba, kwaye wavuka kusuku lwesithathu, ngaphambi kokuba bakhe bayazi waye Engubani Yena.

11 Iyangena iphinde iphume, kwaye abantu abayiqapheli ide igqithe, kwaye, bona, ngokuba yona zange ilungelelane nemfundo yabo yezenkolo, ayizange ilungelelane nexesha lemini. Yabona, iyintoni, basoloko bephila kukhanyiso olungasekhoyo kwesinye isigaba, kwasoloko.

12 Isizathu abangazange bamamkele uYesu, ngokuba babephila kukukhanya okungasekhoyo koMthetho. Kwaye xa uYesu wezayo, wayengachasenanga noMthetho, kodwa weza kuzalisekisa uMthetho, kuhle, babengenakumamkela Yena ngokuba uMyalezo Wakhe wawungekho ngendlela ababenayo

wenziwe imvumo nkolo ngokuchanekileyo, kwaye wawubizwa ngoko izithethe. Kwaye zange Eze ngokwezithethe zabo. Zange agcine zithethe zabo. Kwaye ngenene Wazicaphukisa, wazikrazula, waza—waza wenza izinto ezazichasene nazo, kangangokuba bacinga Wayechitha amabandla. Kwaye babengenakho ukumamkela Yena ngenxa yoMyalezo Wakhe. Kwaye siyazi sonke namhlanje ukuba Weza ngokuchanekileyo kumgca wesiprofeto sikaThixo, kodwa babengayazi ngela xesha.

13 Kwaye isenokwenzeka kwakhona, kwaye asiyi kuyazi. Ndiyacinga ukuba Ebenokubonakala ngobu busuku, ibiyakuchasana ngenene koko sikuqikelele ngeengcinga kwizibakala zethu, nakwizikolo zethu nezinto. Ibiyakuba ngabambalwa kakhulu ababeyakuqaphela okwakusenzeka. Watsho ukuba ibiyakuba njalo, indlela Eze ngayo.

14 Ngoku, uYesu ekubeni ephaya ngokweSibhalo ngenene eqondakalisiwe ngeZibhalo, kunye naBabhali nabaFarisi balamhla ababanga nakho ukumqaphela Yena. Kutheni bengazange bona, kutheni bengazange bayenza? Ngokuba bayiqikelela ngengcinga ngenye indlela. Kulapho uYesu wabaxelelayo, "Phengululani iZibhalo, kuba kuzo nicinga ninoBomi obunguNaphakade, zabe zona izizo ezingqina ngaM." Yabona? Ngoku Uze ngokuchanekileyo ngeZibhalo. Kodwa bakuqikelela ngengcinga mhlawumbi ukuba Uyakuza, uMesiya mhlawumbi uyakwenza oko uMoses wakwenzayo, okanye oko uNowa wakwenzayo, abakhele umkhombe okanye into ethile, engenye. Kodwa, isizathu sokuza Kwakhe ngendlela Eze ngayo, abazange bayiqikelela ngengcinga; eZibhalweni ngezithethe zabo, zange zibafundise; ke abantu babebhideke kakhulu babengazi okwakusenzeka.

15 Ndiyamangala ukuba oko akunakwenzeka namhlanje? Ndiyamangala ukuba ingaba ngokwahlukileyo kunoko izithethe zethu ezisifundise kona? Kwaye inokuza, kwaye into ethile inokugqitha kwaye singaze sazi ide ibe sele igqithile, kwaye ngoko igqithile. Oko nje yindlela eyakuza ngayo.

16 Ingaba niyayazi, xa uYohane umBhaptizi weza embonakalweni, oko kwakuqikelelwe konke ukusukela kwiNcwadi ka Isaya, amakhulu eminyaka? Malunga namakhulu asibhozo eminyaka, u-Isaya waprofeta, ndiyacinga, ngaphambi kokufika kukaKristu. Ingaba benisazi ukuba uYohane weza ngqo ngendlela u-Isaya watshoyo ukuba uyakuza, weza ngqo ngendlela uMalaki watshoyo uyakuza, kwaye nkqu nabapostile zange bayiqaphele? Ngenye imini, kuMateyu 11, uYohane wayesentolongweni; kwaye abapostile, abanye babapostile bakhe bawelela ngaphaya ukuya kubuza uYesu WayenguLowo, okanye—okanye kufanele bakhangele omnye.

17 Ngoku qwalasela, uYesu zange wabanika ncwadi yokuba aziphathe kanjani, indlela amakaziphathe ngayo entolongweni, okanye indlela yokuphatha isimilo sakhe. Wathi, “Hlalani nize nibukele oko kwenzekayo, nize nihambe niyekubonisa uYohane izinto enithe nazibona zisenzeka.” Oko yayibubungqina bokuba i. . . Waye elela Lizwi.

18 Kwaye ngoku khumbulani, iLizwi lisoloko lisiza kumprofeti. Sonke siyakwazi oko. UThixo akenzi nto ngaphandle kokuyibonisa kubaprofeti Bakhe. Eso sisizathu iNcwadi yeSityhilelo sikaYesu Kristu kokugcweleyo ukuphelela kukaKristu kanye apha phambi kwethu, iNcwadi. Ngoku kuyakufuneka Athumele omnye, othile ukuqinisekisa laa Ncwadi, ayityhile Yona, avule aMatywina, nanjalo njalo. Kodwa ngokubhekiselele nakwesiphi esingaphezulu isityhilelo sikaKristu, sele siqatshelwe kanye Apha. Ukukuphelela kOku, kweSityhilelo. Ngoku qwalasela, ayizange yasilela, kodwa iLizwi liza kumprofeti.

19 Khangela kuYohane emi emanzini, eqikelela, umprofeti, ukuba uMesiya wayekhona kanye phaya phakathi kwabo. Wathi, “Kukho Othile omileyo phakathi kwenu ngoku, eningamaziyo; Uyakunibhaptiza ngoMoya oyiNgcwele nangoMlilo.” Ngoku khumbulani, waye Emile kanye phakathi kwabo, iBhayibhile yatsho njalo, kwaye zange baYiqaphele. Ngenye imini xa uYesu weza esihla, uYohane wamqaphela Yena, waza wathi, “Nantso iMvana kaThixo ethwala isuse isono sehlabathi.” Ngoku qaphela, ngaphambi kokuba Aqatshelwe nangubani, Weza kumprofeti. Waye eliLizwi. UYohane waye engumprofeti.

20 Ndiyakhumbula owam omdala utitshala womBhaptizi wandixelela, wathi, “Uyazi yintoni eyenzekayo?” Wathi, “UYesu wabhaptiza uYohane.”

Ndathi, “Andicingi njalo.”

21 Wathi, “Ngokuqinisekileyo, uYohane zange wabhaptizwa; weza eshumayela, ebhaptiza, kwakungekho bani ufanelekileyo ukuba ambhaptize. UYesu wambhaptiza.”

Ndathi, “Andazi.”

22 Kwaza ngenye imini ngelixa ndisekufundeni, uMoya oyiNgcwele wayityhila ngoluhlobo, yabona. Qaphela, Waphuma emanzini; wathi, “Kutheni usiza kum Wena? Ndinesidingo sokuba ndibhaptizwe nguWe.” Wathi uYesu, “Vumela oko kube njalo,” bukela, “kuba kusifanele thina (ukufanela thina) okokuba sizalisekise bonke ubulungisa.” UYohane, ekubeni engumprofeti, elazi iLizwi! IDini Awayelilo, kufanele lihlanjwe phambi kokunikezelwa; emva koko Wabhaptizwa, uYohane waMbhaptiza, ngokuba, “Kusifanele thina ukuba sizalisekise bonke ubulungisa.” ILizwi leza kumprofeti, emanzini.

23 Kwaye emva kokuba Ebhaptiziwe, futhi abantu. . . Kwaye uMoya oyiNgcwele wehla, asinguye wonke umntu owawubonayo Wona. UYohane wawubona Wona.

24 INgelosi yeNkosi ingaba lapha kanye ngobu busuku, kwaye mhlawumbi umntu omnye ayibone Yona, kwaye kungekho wumbi ongomnye.

25 Okwa kuKhanya, laa Nkwenkwezi yathi yeza phezu kwayo yonke inqaba yokujonga isibhakabhaka, apho a—amadoda azizazi alandelayo; akukho nqaba yokujonga isibhakabhaka yazi kwanto ngayo, akukho mntu ongomnye owayibonayo Yona, konke konke, kodwa loo madoda azizazi, ngokuba yayikokwawo ukuyibona Yona. Ayibona Yona. Yayiyeyenene kuwo.

26 Xa ukuKhanya, iNtsika yoMlilo, yabetha uPawulos, endleleni eya eDamasko, waqaphela ukuba wayeseBukhoneni bukaThixo. Ngoku, laa mHebhere wayengenakho ukubiza namnye umoya ongomnye, "Nkosi," nangaphandle koko wayekwazi Okuya yayikwayiNtsika yoMlilo ekwanye eyakhokelela abantu bakhe yabakhupha entlango. Wathi, "Nkosi, Ungubani Wena?"

"Sawule, Sawule, unditshutshisela ni na Mna?" Wathi, "NdinguYesu."

27 UYesu wathi, "Ndiphuma kuThixo, kwaye ndibuyela kuThixo." Waye engulaMlilo owawusetyholweni elivuthayo, owathi wakhokelela uMoses ukugqitha entlango, kwaye Wabuyela emva kOkuya.

28 Kwaye ngoku apha wayekho, endleleni ukuya eDamasko, wakhahlelwa phantsi. Kwaye onke amadoda aye kunye naye, akazange abone laa Ntsika yoMlilo. Kwaye yayinjalo—njalo ukuba yeyenene kuPawulosi de ikhuphe amehlo akhe, kwaye kwafuneka akhokelelwe kwistrato esibizwa Tye, eDamasko. Wayeyimfama.

29 UHananiya, umprofeti ezantsi phaya, wabona kumbono, wahamba wayakubeka izandla kuye kwaye wamkela uMoya oyiNgcwele, kwaye inkwethu yawa emehlweni akhe waza wanakho ukubona kwakhona. Yayiyeyenene kakhulu kuye de ikhuphe amehlo akhe, kodwa noko akukho namnye kubo wayiqaphelayo Yona ukuba iphaya, onokuyibona Yona.

30 Ke—ke iyiyo ngobu busuku! Kukho umntu othile ohleli kanye phaya onokuzisa uThixo embonakalweni, xa omnye engasayi kwazi kwanto malunga naYo. Ukuqaphela uThixo!

31 Kwaye uYesu, xa Waye elapha emhlabeni, kwaye enze ngokupheleleyo umqondiso ethe iBhayibhile Yena uyakuwenza, kodwa zange bawuqonde ngokuba wawungekho ngokwezithethe zabo. Ukwenzela esa sigaba, Wayengafanele ukuza aze enze oko uMoses wakwenzayo. Wayefanele eze kwaye azalwe yintombi. Kwaye Yena, kwaye ngokweDetoronomi

18:15, Wayefanele abe nguMprofeti. Kwaye ngokuchanekileyo Wayenza loo misebenzi nemiqondiso.

32 AmaYuda ayesoloko efuna imiqondiso. Ayefundisiwe ukungaze axhomekeke kwiintetho zobukrelekrele; amaYuda azi ngcono kunoko. AmaGrike afundisa oko. Kodwa hayi iintetho zobukrelekrele, kodwa phezu kwemiqondiso. "Sibonise umqondiso." Aba bantu, omnye wathi, "Rabhi, okanye Mfundisi, sibonise umqondiso." Babefuna ukwazi. Kwaye Wayesele ebabonisile umqondiso, kwaye babefuna uhlobo olwahlukileyo lomqondiso, kodwa Wayenokwenza kuphela umqondiso wesa sigaba.

33 Ke Wenza njalo namhlanje, oku kuthululwa koMoya oyiNgcwele ngumqondiso wokubonakala Kwakhe nkqu nakwesi sigaba, njengoko Wathembisayo.

34 Bafuna umqondiso, kwaye Wabanika umqondiso weSibhalo, kodwa babefuna umqondiso owahlukileyo.

35 Apho kulapho abantu abaninzi namhlanje bayakubhidakala khona. Niyazi, uXhwilo lungenzeka, kwaye nje cinga ngodano lwayo! Mandibuyele emva apho uYesu, okanye . . .

36 UYohane wathumela abafundi bakhe ukuya kubona uYesu, ukuba waye enguYe uMesiya okanye hayi. Laa yure, Wenza izinto ezininzi. Xa wababuyisela emva, abafundi, ukuyokuxelela uYohane oko bakubonileyo, uYesu wathi kwabo babehleli phaya, wathi, "Yintoni enaphuma niye kuyibona entlango? Yintoni enaphuma niye kuyibona xa uYohane wayeshumayela? Ingaba naphuma ukuya kubona indoda enxityiswe ngezambatho ezimhlophe, nanjalo njalo, okanye—okanye ezithambileyo izambatho?" Wathi, "Bona bazi . . . kumabhotwe okumkani. Bangcwaba abafileyo, baphuze iintsana, batshatise abatsha, nanjalo njalo, okuya. Abakwazi ukuphathwa kwekrele elintlangothi-mbini."

37 Wathi, "Yintoni enaphuma niye kuyibona ngoko, ingcongolo edlikidlwa nangowuphi umoya, umntu othile, iqela lithile liyakumnika engaphezulwana imadlana kwaye uyakuya ngaphaya ku*lona* endaweni yokuya ngokobizo lweNkosi'? Hayi uYohane! Umntu othile wayenokumjija amguqule, athi, 'Siyakukunika okungaphezulu ukuba uyakukuphika *Oku* uze uthabathe *oku*'? Hayi uYohane!" Wathi, "Naphuma naya phaya niyokubona ntoni ngoko, umprofeti?" Wathi, "Ndithi kuni, 'ngaphezulu komprofeti.' Kwaye ukuba ningayamkela, yena nguye lowo umprofeti wathi, 'Bonani, Ndithumela umthunywa waM phambi kobuso baM, yena uyakulungisa indlela.'" Kwaye lowo yayinguMalaki 3, apho wayenzayo.

38 Ngenye imini abafundi bambuza Yena, bathi, "Kutheni aBabhali besithi u-Eliya kufanele afike tanci?" Wathi uYesu, "Selefikile kwaye aniyazanga lonto," kwaye baqonda ukuba

yayinguYohane umBhaptizi. Abo banyulwa babapostile babengenakho ukubona yayingubani. Lowo yayingu Eliya.

39 Ngoku jonga. Uyazi, u—uKuza kweNkosi kuzakuba kukuza okuyimfihlo. Wathi, "Kuyakube kukho ababini ebhedini, kwaye Ndiyakuthatha abemnye ndize ndishiye omnye," apho kulapho u—ubusuku bukhoyo. "Ababini entsimini, Ndiyakuthatha abemnye ndize ndishiye omnye."

40 Uyazi, kukho abantu abaninzi abanyamalalayo yonke imihla, basuke ebusweni bomhlaba, ekungekho nabani wokunika ingxelo. Ngenye yezi mini inokwenzeka ukuba abantu bathi, "Kuhle, uthetha ukuba intshutshiso, into ikuthi ngoku? Ndicinge ukuba iBandla kufanele limkile ngaphambi kwentshutshiso." Abaqiqi kwaye bengaqondi ukuba uXhwilo lunokwenzeka kwaye abayi kwazi nanto malunga nalo; kukumka ngemfihlo kweBandla.

41 Kwaye, cingani, abantu bayakuqhubeka beshumayela, besithi bayakholwa bayasindiswa, kwaye besongeza ebandleni, kwaye besakha amabandla, kwaye beqhubekeka nje ngohlobo abenza ngalo kwimihla kaNowa, nanjalo njalo, kwaye bengazi; kwaye uXhwilo lugqithile, "sele yenzekile kwaye aniyazanga." Kukho amakhulu abantu abanyamalalayo emhlabeni kwaye abantu abazi nto malunga nendawo abaye kuyo, abanakunika ngxelo ngayo; umntu othile wayesiya ndaweni ithile, abazange beve kubo kwakhona. Kwaye oko kungaba luXhwilo.

42 Ndiyanixelela, zihlobo, ngokuba nje singamalungu ebandla, okanye into ethile efana naleya, oko akuthethi nto ingako kuthi. Kungcono ugaxele esa sikrweqe. Kungcono uthabathe ela Lizwi likaThixo lonke uze ubambelele kuLo, kwaye ukuyeke oku kuzenzisa kweHollywood khona apha. Kungene kanye ebandleni, kwaye lihlazo. Kodwa iHollywood iyakhazimla, nje ukwenza ukukhanya okugqamileyo, kwaye ibandla namhlanje lizama ukuthelekisa neHollywood. UKristu akakho seHollywood. UKristu ukumntu ngamnye. IHollywood iyaqhakaza okanye . . . IHollywood iyakhanya, ngelixa iVangeli iqhakaza ngentobeko. UThixo akakho kwezi zintle zinomtsalane iindawo kunye nayo yonke lento esiyibonayo. Uza ngentobeko, kwimo yobulali nobubele, agqithe ngqo.

43 Kwaye ukuba uqhelene neLizwi, uyakulibona Lona. Lowo unemehlo, zokuva, "makayive into ayitshoyo uMoya kuwo amabandla," yabona ngoku, ngoku namhlanje, ntoleyo eyakhonjwayo.

44 Wazazisa Yena kakuhle kumakholwa ngala mhla, wona ayekhangela yona. Jonga kuPetros no Andreya. Jonga kuNathaniyeli, akukho mbuzo engqondweni yakhe. Jonga kumfazi equleni, kwakungekho mbuzo kuyo.

45 Kodwa aba baFarasi, kwiintsuku ezimbalwa apho isiqendwana sethu sikuso ngobu busuku, bambona Yena

ekwenza oko, baze emva koko bambiza Yena "Bhelezabhule, umtyholi." Imisebenzi yayenziwe. Kwakufuneka bephendule irhamente yabo, ke kuphela kwento ababenokuyenza yayikukuyibiza "umoya ongcolileyo." Bhelezabhule yayingumtyholi, njengomvumisi okanye into ethile. Kwaye nabani uyayazi ukuba umvumisi ngokamtyholi. Kwaye babethelekisa, apho waye EliLizwi elathi lazi imfihlelo zentliziyo kwaye li—kwaye libonakalisa ukuba Waye engulaMprofeti owayeyakuvuselwa thina kulo mhla, umProfeti-Mhlanguli; kwaye xa Wakwenzayo okuya, ibandla ngala mhla laMchaza ukuba ngu "Bhelezabhule."

46 Uyabona ababekuko? Wathi, "Nizimfama, nikhokela iimfama." Abasayi kungena, kwaye bengayi kubavumela abaphantsi kwabo bangene.

47 Into esifuna ukuyenza namhlanje kukufumana iNyaniso. Kufanele sazi iNyaniso. Ingaba usekwanguYe? Ingaba Ulapha ukuzakuzalisekisa oko Akuthembisileyo ukukuzalisekisa? Phengululani iZibhalo nize nifumanise oko Afanele akwenze namhlanje.

48 Eso sisizathu sokuba uJohn Wesley . . . okanye uMartin Luther akabanganakuqhubekeka nomyalezo kaWesley; bawenza ihlelo, oko kukangako ababenokukuhamba. Ecaleni kweza uLuther, ephuma kwibandla iKatolika, kwaye bona . . . Waye engongalandeliyo, kubo; kodwa enomyalezo wogwetyelo, kuba YayiliLizwi likaThixo, isithembiso. Emva koko bona, emva kokufa kwakhe, benza umbutho kaLuther. Emva koko kwenzeka ntoni, kwafuneka bayange kwakhona.

49 Kwaye ngokweSibhalo kufanele kubekho esinye isigaba sebandla sivuke, kwaye, xa sakwenzayo, IBandla leSigaba sasePhiladefi lavuka, uJohn Wesley. Kwaye yintoni eyenzekayo, yaqhubeka isiza ngasentshona lonke ixesha. Kwaye xa yenzekayo, kwabakho isigaba sebandla, kwaye uJohn Wesley wavuka, kodwa uLuther akabanga nakho ukuyamkela ngokuba babesele bezenze umbutho kugwetyelo. Wayengenakho ukwamkela ungcwaliseko.

50 Ngoko xa amaWisile azenza umbutho ngendlela enza ngayo, kwaye amasebe amancinci aphuma, ntoleyo yenzayo, ecaleni kweza umyalezo wePentekoste wobuyiselo lwezipho; akukho namnye kubo wabanokushukuma, babesele bezenze umbutho.

51 Ngoku indawo elusizi yayo, amaPentekoste azenze umbutho.

52 Khangela kumhla esiphila kuwo, yintoni ethenjiselwe lo mhla. Kuphi apho sikhoyo? Sinyukele phezulu. INtsika yoMlilo ihambile, kwaye abantwana bakaSirayeli bahambe kunye neNtsika yoMlilo okanye babuyela emva eYiphutha. Kufuneka sihambe kunye neLizwi.

53 Kwaye namhlanje siba ngamavila, ibandla liba bubuhlabathi kakhulu kwaye ukungakhathali kakhulu, kwaye ingqondo zabo ziphixene kakhulu ngumabonwakude, kunye no *Sithanda USucy* kunye nezinye zezi zinto zindala, size sihlale ekhaya. Oko kubonisa apho zikhoyo iintliziyo zabantu. Kwaye unokubaxelela ezi zinto azilunganga, kwaye bacinga uphambene. Yintoni? "Abathandi beziyolo ngaphezu kokuthanda uThixo." Yabona?

54 Owu, ulonwabo olukhulu endilwaziyo, kukuthandaza de ndiqaphele ukuba ndiseBukhoneni bukaThixo, kwaye ndikuqaphele oko. Ndicinga ukuba oko kufanele kube ngumncili weBandla, buBukhona boMoya oyiNgcwele; ukubona uThixo owenza isithembiso emile phakathi kwethu, sive uBukhona Bakhe kwaye sibona iLizwi Lakhe, kwaye siLibona lingqinelwe. Ifanele inike ukholo, ukwenza iziqhwala zihambe, imfama zibone, izithulu zive, isimumu sithethe.

55 Ndiye ndema eMzantsi Afrika, apho bendinamakhulu amabini amawaka abantu kwibala lomdyarho laseDurban, kwaye xa babona ngaxesha linye okuya kusenzeka ngolwa hlobo, emva kokuyicacisa kubo, nje uhlobo olupholileyo kancinci; kwaye babona into enye isenzeka, kokuya kutyhiliweyo, kwaye amashumi amabini anesihlanu amawaka abantu baphiliswa ngesiquphe ngaxeshanye. Bathatha imithwalo yeeveni ezisixhenxe, izigadla ubude nje ukusuka *apha*, ezinesithandathu- kunye nezinesibhozo samavili ngolwahlobo, baza bazipakisha zigcwele ezindala iintonga zokuhamba nezinto. Abahedeni, ababengazi nkqu sesiphi isandla sasekunene nesasekhohlo.

56 Kwaye kusuku olulandelayo, uMnu Sidney Smith, usodolophu waseDurban, wandibiza waze wathi, "Yiya efestileni yakho, ngaphandle ngakuLwandlekazi lase Indiya, uyakubona into ongazange uyibone." Kwaye lawo yayilukhapho lwamapolisa esihla kunye nesixhenxe yemithwalo yezo zinkulu iiveni, kunye namakhulu abantu elandela ngasemva, usuku ngaphambili babekumakhuko noomondlalo neziphatho ababenazo, becula, "Kholwa kuphela, zonke izinto zinokwenzeka." Iveki ngaphambili, phaya, babesemfazweni kunye nabanye, imfazwe yabemi bendawo. Kwaye nako bephaya behamba, ingalo engalweni, isandla esandleni.

57 Kutheni? Baqaphela uThixo weZulu wayebonakele phambi kwabo kwimo yeLizwi Lakhe. Kwaye thina bongqondonqondo bamaMelika sihleli. Bayakuvuka ngoMhla woMgwebo basigwebe esi sizukulwana, ngoko sikubonileyo.

58 Indikhumbuza ngomfazi eLouisville, Kentucky, kungekudala, wayenosana, ejikeleza kwivenkile yeshumi leesenti. Kwaye wayesenza izinto ezincinci, ezama ukulenza liqwalasele, kwaye usana oluncinci lwaqhubeka lujonge

phambili. Kwaza ekugqibeleni wachola intsinjana, nantoni enokuthi itsale umdla womfo omncinci malunga nolwadidi. Kwaye washukumisa intsimbi, waze umfo omncinci nje wajonga kanye phambili. Waze waqalisa ukukhala, kwaye wawa, baze abanye babantu beza kumnceda. Wathi, "Owu, hayi, ayinakuba njalo! Ayinakuba njalo!"

Wathi, "Yintoni ingxaki?"

Wathi, "Ugqirha wathi usana lwalungcono."

Wathi, "Yintoni ingxaki kunye nosana, nenekazi?"

59 Wathi, "Kuhle, lithabathe isiqalekiso malunga neenyanga ezintandathu ezidlulileyo, sokuba nje liyahlala lize lijonge. Akukhathaliseki nokuba yintoni, efanele itsale umdla wela sana, ayisokuze itsale mdla walo, kwaye liyahlala nje lijame. Ugqirha undixelele wacinga lalingcono. Kwaye ndilizise ezantsi apha, ukuchola isixhobo esincinci esifanele sitsale la mntwana, kwaye ayiyenzi. Usahlala ajame."

60 Leyo yindlela ibandla lingena kuyo! UThixo udlikidle sonke isithembiso eBhayibhileni, phambi kwabo. Futhi siyahlala nje sijame, sikhangele. "Intoni? Ndibonise umqondiso, uyakundibonisa?" Kwaye iyaqhubeka lonke ixesha, kanye ukusigqonga. Ukuzisa uBukhona bukaThixo, kufanele isikhanyise. Xa uThixo enze isithembiso, Uma ecaleni lesa sithembiso. Ewe, mhlekazi.

61 Emva kokuba uYesu ebonakalise umqondiso Wakhe wobuMesiya, wokuba waye Engula Mesiya, kodwa kubuso bako konke okuya, "Sibonise umqondiso." Yabona, babengaqapheli, babejonge ngqo ngaphambi kwabo. Yayingekho kubo ukukholwa.

62 "Wena," njengoko umama wam omdala wasemazantsi wayeqhele ukuthi, "akunakufumana gazi kwiteniphu, kuba alikho phaya."

63 BabengaMqaphelanga futhi, bemfameke kakhulu ziimvumo nkolo zabo na—na—nanjalo njalo, ababenazo ngala mini. Abazange bazazi iZibhalo zesithembiso, ngokuba iimvumo nkolo zayigquma. Imvumo nkolo zabo nezithethe zala mhla zazisigqumile isithembiso seSibhalo. Ukuba babefundisiwe ngokweSibhalo, okokukuba okuya kwakufanele kube ngumqondiso olandela uMesiya!

64 Bangaphi abakukholelwayo ukuba Uza ngomqondiso Wakhe onguwo? [IBandla lithi, "Amen."—Mhl.] Ngokuqinisekileyo, Wakwenza, Weza ngokwesithembiso. Kodwa babefundiswe imvumo nkolo, "Sikholelwa k*oku*, kwaye sikholelwa k*okuya*. Bonke kubo bakholelwa uThixo. Bonke kubo . . . "

65 Namhlanje, thina maMelika, ingakumbi, sicinga ukuba sizakuxoleleka ngokuba sakha iicawa ezinkulu, kwaye sinabelusi abalungileyo kunye nezinto. Khumbulani, ukuba

yayinjalo, uThixo akalolungisa ukuba Usithathela ngaphakathi ngolwa hlobo; kuba, uKayin no-Abheli, abanquli ababini bokuqala ngaphandle kwe Eden, bakha isibingelelo kwiNkosi, bobabini benze idini, bobabini banikela ngezipho, bobabini bathandaza, kodwa omnye wayelungile kwaye omnye engalunganga. Qwalasela, kufuneka sibe neNyaniso, kwaye iNyaniso liLizwi likaThixo, okokoko. Ngoku yinto enye namhlanje, abantu bamfamekiseka kakhulu. Bathi . . .

Ndithi, "Ungu—ungumKristu?"

66 "Owu, ndingowento ethile—ethile." Yabona, oko akunanto yakwenza nayo. Andinanto ichasene noko, kodwa oko asiyonto endizama ukunixelela yona. Yiba ngowayo nayiphi icawa ofuna ukuba ngowayo. Udidi lophawu lwakho alwenzi namnye umahluko.

67 Ndandixelela umalusi ngale ntsasa. Phezulu eColorado ndandiqhele ukukhwela iziqokeleli, nanjalo njalo. Kwaye ndandiqhele ukuhlala phaya, umlenze wam unqumleze isali, *ngolwa*hlobo. Kwaye iTroublesome River Hereford Association idlisa iTroublesome River Valley. Ngoko ufika phaya kumphezulu wentlambo, ufumana ukwahlukana ukuya empuma nasentshona. Zonke iinkomo ukusuka *apha* phezulu, kwi Association, zidla kukwahlukana kwasentshona; kwaye—kwaye iqela endandikunye nalo, zidla kukwahlukana kwasempuma. Ngoko babenecingo lokwahlula phaya ukugcina iinkomo kude kwindawo esecaleni, kwaye phezulu ezintabeni kwihlobo.

68 Kwaye besiyakuziqokelela iinkomo, ezine okanye ezintlanu iindidi zamaphawu ahlukileyo, isibhozo okanye ishumi lwendindi zamaphawu ahlukileyo, emlanjeni, siziqokelele iinkomo zethu entlakohlaza, sizinyusele phaya. Kwaye ndandiqhele ukuhlala phaya, umlenze wam unqamle iphondo lesali, emveni kokuba sizifumene zonke iinkomo, zonke zaziphawulwe ngendidi nayo yonke into, ziqalisa emva edlelweni.

69 Kwaye usomahlathi emile phaya. Wayezibala zona njengoko zingena. Kwaye ndaqaphela kwakukho zonke iintlobo zendidi zamaphawu. UMnu. Grimes wayene—ne—neNtsimbi yeDayimani, kwaye nje entla kwethu ene Turkey Track, sasineSidala iSixhaso esimilenze mithathu, kwaye kwakukho iindidi ezahlukileyo zangena phaya. Kodwa u—usomahlathi zange aqaphele udidi lophawu. Waqaphela isaziso segazi endlebeni. Kwakungekho nto inokungena phaya kwela dlelo, ukugcina ukuzaliswa ngonxibelelwano, lwenze iinkomo zabo zibe luhlobo olululo, akukho nto inokungena phaya kuphela yeyengenene iHereford. Kwafuneka yaziswe endlebeni, ngophawu lwegazi.

70 Leyo yindlela eyakuba njalo eMgwebeni. Akazukundibuza ukuba ndandingu—umWisile, mBhaptizi, mRhabe. Into eluyiyo

udidi lophawu endinalo aluyi kuthetha nto kuYe. Asiyonto kuphela ozelwe kwakhona, ozelwe ngeNgazi umKristu weGazi likaYesu Kristu, oko koko kuyakungena. Akukho nto ingaphantsi eyakungena. Ngoku sifuna ukukhumbula, khumbula okuya.

71 Ngoku, xa Engaqatshelwa, amandla Akhe asol-. . . asoloko engatyhilwa, xa Yena engaqatshelwa. Akukhathaliseki ukangakanani uThixo omileyo ekhona, kufuneka uyikholelwe. Yilonto yonke.

72 Njengomfazi nethombe legazi. Bonke abobantu begqitha, kwaye bonke bemile, besithi, "Nanko ehamba uRabhi. Lowa nguMfo obanga ukuba nguMprofeti. Lona ngumbaxi," nako konke okunjeya.

73 Kodwa kwenzeka ntoni? Lo mfazi mncinci wayenethombe legazi, kwaye wayevile malunga naYe. Kwaye xa wehlela phaya, kungakhathaliseki nokuba nabani uthini, waqaphela Waye Engubani. Waze wathi, "Ukuba nje ndingachukumisa ingubo Yakhe!" Yabona?

74 Kwaye xa olwakholo lwenene, kuThixo, luba yinto evumayo kuye, yintoni eluyikhuphayo? Lakhupha amandla Akhe okumphilisa. Amchukumisa Yena ngeyona ndlela, Waguquka waza wamxelela yintoni eyayingalunganga ngaye, wathi, "Ukholo lwakho lukusindisile." Yintoni eyenzayo? Ukholo!

75 Abanye bemile phaya babenokuba babegula kakhulu kunaye, kodwa, uyabona, waqaphela uBukhona Bakhe. Wayazi ukuba eliya yayilithuba lakhe.

76 Ukuba nje sinokwenza oko ngobu busuku, bantu! Ukuba sinokuqonda ukuba Yena uyabonakala kuthi kulemihlangano, ukwenzela injongo enye, eyoku, ukukhulula iminqweno yethu esinayo kuYe, ize kuthi. Kodwa kufuneka siqaphele uBukhona Bakhe. Kwaye ngoku indlela oqaphela ngayo uBukhona Bakhe, kuxa isithembiso seLizwi l*esi* sigaba sisenziwa sibonakale, hayi isithembiso seLizwi lesigaba sikaMoses, okanye nasiphi sezinye izigaba, isithembiso seLizwi s*esi* sigaba!

77 Ngoku siyafumanisa Waqhubeka. Kwaye uYayiro, umfo omncinci phezulu phaya kunye nentombi efileyo, yona, yena wakholelwa oko Akutshiloyo yayiyiNyaniso. Ngoku khumbulani, wayengumbingeleli, kwaye wayengavumelekanga, kuba yayixeliwe ngqongqo, "nabani othi azibandakanye naYe uyakukhutshwa esikhungwini." Kuhle, nokuba wayekhutshiwe okanye wayengakhutshwanga, waye enelisekile ukuba uThixo wayekhona kuKristu, kwaye oko yayiliLizwi. Kwaye oko kwenza toni? Kwakhuphela kuye amandla ovuko awaye ekuYe; amen, abuyisela intombi eyayifile, kwaye ilele, ngokuba waqaphela ukuba uThixo waye ekuKristu, kwaye uBukhona Bakhe babusendlwini yakhe.

78 Kodwa kwisixeko apho Yena wayekhuliselwe khona, laa mandla manye ayekuYe, kwisixeko apho Yena wayekhuliselwe khona, kodwa abazange bamqaphele Yena. UBukhona Bakhe, kubo, zange bathetha kwanto; mhlawumbi umbaxi othile. "Ziphi ezi zinto? Bandixelela ukuba Wena wenza *oku noku*. Mandikubone Ukwenza apha."

79 Anivanga na oko? "Ukuba phaya . . . Nina gquba lamapentekoste, kunye nani bantu, ukuba, nikholelwa kwimpiliso eNgcwele? Nanku u*sbani bani* khona ngapha, mandikubone umphilisa."

80 Lowo ngomdala okwamnye umtyholi, kwa lo mnye wathi, "Ukuba UnguNyana kaThixo, yalela lamatye abe zizonka."

81 Umtyholi omdala okwamnye, xa wenza amehlo Akhe agqunywe, baMbetha entloko ngentonga, baze bathi, "Ngoku," bagqithisa intonga, omnye komnye, baze bathi, "sixelele ngubani okubethileyo Wena, kwaye siyakukholwa kuWe ukuba UnguMprofeti." Akazange. Akahlekisi namnye umntu. Ehe.

82 Okwamnye, xa Wayesemnqamlezweni, wathi, "Ukuba UnguNyana kaThixo, yehla emnqamlezweni ubonakalise ukuba UnguNyana kaThixo." Wayenakho ukuyenza lonto.

83 Bamnika Yena intlonipho enkulu Awakhe wanayo, phaya, kodwa babengayazi. Bathi, "Ubasindisile abanye; Yena siqu Akanakho ukuzisindisa." Ukuba Wayenokusindisa isiqu Sakhe, Wayengenakuba nakho ukusindisa abanye. Wanikela ngesiqu Sakhe ukuze Abenakho ukusindisa abanye. Yabona, babengabuqapheli uBukhona bukaThixo. Yilonto yonke.

84 Ngoku ikhupha amandla okuphilisa, kunye nantoni? Iyakukhulula amandla okuvula amehlo wokuqaphela Yena, okanye amfamekise amehlo akho ukuze ungaze umqaphele Yena. Kwa into evula amehlo omnye, ivala amehlo ongakholwayo.

85 Kodwa, isixeko, babengenantembelo kuYe. Kwindlu yomFarisi, wammemela Yena ezantsi; kwaSimon, uMfarasi, kwaye wayenze isidlo sangokuhlwa esikhulu, kwaye abaFarisi wayefuna ukubonakalisa kubo WayengengoMprofeti. Ke wayesemva phaya esoja efake ezakhe iiglasi nezibuko nezinto zakhe zokusela, kunye nazo zonke ezintle iziqholo endlwini.

86 Kwaye uYesu wayengenile egqithile kumhlambi zinyawo, kwaye wayehleli phantsi apha. Kwaye, emdaka, ukunuka kwe—kwedlelo kuYe, apho izilwanyana bezisecaleni kwendlela, kunye neengubo Zakhe. Naso isizathu babehlamba iinyawo ngaloo mihla.

87 Kwaye, uyabona, into yokuqala, xa umenyiwe kwi—kwindlu phaya ePalestina, xa benxibe ezo mbadada, into yokuqala abayenzayo yayikukuhlamba iinyawo, baze emva koko bakunike into ethile; ukuze uhambe kwiikhaphethi zabo, ezinkulu iiragi zasePeziya kunye nezinto, zazintle.

88 Into elandelayo abayenzayo, baze emva koko bakunike i-oli ethile esandleni sakho. Iphuma kwi apile elincinci elifumaneka entabeni, loo ma-apile omfiyo. Emva kokuba umfiyo uphelile, ushiya i-apile kunye neziqholo ezimnandi. Kwaye bona—bona bayikhuhla ebusweni babo. Kwaye la mitha ingqalayo yelanga lasePalestina imbi kakhulu, kwaye, uyabona, oko kwenza ivumba. Kuze—kuze emva koko xa ukwenza, ngoko umsindleki uyeza emnyango aze abange entanyeni abenze bazive bemkelekile.

89 Kwenzeka njani ukuba abobahlambi nyawo bayeke uYesu agqithe, ngaphandleni kokumhlamba iinyawo Zakhe okanye—okanye—okanye baMnike i-oli ukuba Azithambise, okanye bamange bamamkele Yena?

90 Kodwa phaya kwakukho umthengisi ngomzimba omncinci phandle esitratweni. Bonke abenkolo phaya ngoku, iqela lonke zange limqaphele Yena. Kwaye umfazi omncinci odume kakubi, wajonga ngaphakathi, mhlawumbi isango, kwaye wambona Yena ehleli nje ngentyatyambo yodonga.

91 Leyo yindlela Ayiyo namhlanje phakathi kwegquba labenkolo ngokunjalo, intyatyambo yodonga, engamkelekanga, engafunwa. "Engcolile, emdaka, umqengqeleki-ongcwele," bayibiza Yona, "uhlobo oluthile lo—lomntu ongeyiyo ingqondo yabo; umvumisi, umfundi ngqondo," okanye uhlobo oluthile legama elingcolileyo.

92 Kwaye uYesu, ndiyakufika kuyo kwimizuzu embalwa, wathi, "Thetha igama elichasene noNyana womntu, iyakuxoleleka kuwe; kodwa xa uMoya oyiNgcwele ufikile ukwenza into ekwanye, igama elinye alisokuze lixoleleke kuwe." Yabona?

93 Kodwa phaya laa mfazi mncinci wabona ukuba Yena udinga inkonzo. Kwaye wangxama ngokukhawuleza kwenene, wahamba waya kufumana ibhokisi le labhastile lizele yi-oli. Mhlawumbi wayeyithenge ngemali esuka ekuthengiseni kwakhe ngomzimba. Kodwa yayiyintoni? Wayenokucinga, "Ungu—UnguMprofeti. Kodwa ndikhumbula omnye umfazi kwingxubakaxaka yam, olunye uhlobo njengeyam; wayenethuba kwaye waMqaphela, waza waxolelwa." Phezulu phaya equleni laseSikare, phezolo sithethe ngayo. "Kwaye ukuba nje ndingafika kuYe, ndiyamazi Ngubani Yena, ndiyakumenzela inkonzo Yena. Ukuba bonke babo, andikhathali yintoni abayenzayo. Ndiyakumenzela inkonzo Yena. Ndiyakuqaphela ukuba Yena nguNyana kaThixo."

94 Wabaleka wangena. Wasondela kufutshana kuYe kakhulu, kwaye waziva enetyala kakhulu. Leyo yindlela owenene oguqukayo umoni aziva ngayo eBukhoneni Bakhe, ukuziva enetyala!

95 Kwaye iinyembezi zaqalisa ukuwa, kwaye wayezama ukuzifihla zona. Zawela ezinyaweni Zakhe.

WayezakuMthambisa, kodwa iinyembezi zisiwela ezinyaweni Zakhe. Kwaye waqalisa ukuzisula zona, waye—waye elila, kwaye—kwaye wazesula zona ngezandla zakhe. Kwaye—kwaye iinyawo Zakhe zazidyobheka bubumdaka obabukuzo; kwaye—kwaye ukuba ufuna ukuyikholelwa ngenene, kunye nevumba lezilwanyana lisuka endleleni, wonke umntu ehamba indlela enye. Kwaye nalo lalilapho, ivumba kuYe, ehleli phaya, kwaye iinyembezi zakhe zazisiwela ezinyaweni Zakhe, kwaye wayezama ukosula zona. Kwaye wayengenatawuli.

96 Yintoni ubuhle bomfazi nozuko? Ziinwele zakhe. Eso sisizathu abaninzi benu bafazi namhlanje bezicheba zonke. Oko akulunganga. Yena, wathabatha iinwele zakhe waza waqalisa ukuhlamba i . . . iinyawo Zakhe, waza wazesula zona, iinwele zakhe ezintle—ezintle, esusa ivuma kuYe, phezu kwesiqu sakhe, ethwala ingcikivo Yakhe. Owu, bethu! Oko kuxa uqaphela Ngubani osebukhoneni bakho. Yabona? Oodade bethu kophantse kufanele beme ngeentloko zabo, ukufumana iinwele ezaneleyo zokwenza okuya. Ke phaya wahlamba iinyawo Zakhe, waza wazesula zona ngeenwele zakhe zentloko yakhe, kwaye wanga iinyawo Zakhe.

97 Kwaye laa Simon mdala emile emva phaya, wathi, "Huh! Huh!" Owu, ndingafane nje ndibone ukudubula. Zange waqaphela Waye eNgubani. Wathi, "Ndikuxelele Akakhange abe nguMprofeti. Ukuba EbenguMprofeti, Ebeyakuqaphela hlobo luni lomfazi olusecaleni Kwakhe."

98 UYesu zange ashukume nonyawo. Wambukela nje. Kwaye wayesoyika.

99 Kwaze emva kokuba Egqibile, yena esenza inkonzo kuYe, Wajonga ngaphaya, wathi, "Simon, ndinento endifuna ukuyitsho kuwe. UNdimemele apha. UNdizise apha," ngamanye amagama, iyelenqe. "Ufune ukuNdihlaza. Ufune ukubonakalisa ukuba aNdikuko oko Ndikuko. Kwaye wena, xa waNdizisa apha, bekufanele wenze iinyawo zaM zihlanjwe, kodwa akuzange. Kufanele uNdinike i-oli yokuthambisa intloko yaM, kodwa akuyenzanga. Akuzange waNdanga ukundamkela. Kwaye lo mfazi, kusukela oko ndilapha, uhlambe iinyawo zaM ngeenyembezi zakhe, waza wazesula nge—ngeenwele zakhe, kwaye oko esanga iinyawo zaM kusukela ndilapha. Ndinento ngokuchasene nawe, Simon."

100 Emva koko Waguqukela kuye. Ndingafane nje ndicinge ukumbona emile phaya, kwaye amehlo akhe amakhulu amahle edyobhekile, kunye nobuso bakhe, kwaye nalapho ebenamafutha kunye—kunye nothuli lwendlela, ebusweni bakhe. Kwaye wacinga, "Ngoku ingaba ndenze into engalunganga? Ingaba ndenze ngokungalunganga?"

101 Wathi, "Kwaye Ndithi kuye, ezakhe 'izono ezininzi, zonke zixolelwe. Hamba unoxolo.'"

102 Yayiyintoni? Waqaphela. Waqaphela ithuba lakhe. Yabona? Wayenza. Wamenzela Yena inkonzo. AbaFarisi abayenzanga. Walibona kwaye waqaphela uBukhona Bakhe, kwaye kwenza ntoni? Bahlamba. Yintoni obabukhululayo kuye? Uxolelo. Bakhululela kuye, uxolelo lwezono zakhe. Yintoni enye obakwenzayo kananjalo? Bakhulula kananjalo amandla kaThixo, ukubonisa kwabo abangakholwayo ukuba Waye enguMprofeti. Wayemazi yayingubani. Kananjalo bakhulula uvuyo namandla noBomi obunguNaphakade. Bakhulula oko.

103 Kodwa lowo wabangela ezinkulu ezinde izikhonkwane zigqojozwe kwezo nyawo zintle, akazange aqaphela uBukhona bukaThixo kuYe. Wayefuna ngokunjalo Yena amenzele elingenaxabiso iqhinga, into yokonwabisa.

104 Yilonto ihlabathi liyifunayo, namhlanje, imfumba yokonwabisa. Alifuni Vangeli. Bafuna ukonwatyiswa.

105 Kwaye wathi uPilato, "Ndingathanda ukunqwenela ummangaliso kuYe, okanye into ethile enjengaleya. Mziseni Yena apha." Kanye eBukhoneni bukaThixo, waza wabala Bona, ngokuba (intoni?) kuba wathakazelela i—imbono yesininzi ngaphezu kokuthakazelela ukuba nethuba lokuba seBukhoneni bukaThixo. Kwenzeka ntoni? Umfazi waxolelwa, waza wanikwa uBomi obunguNaphakade; kodwa yena walahlekelwa yingqondo yakhe waphambana, waza wazibulala ngokuzintywilisela phezulu eSwitzerland.

106 Ngoku, khathala, ethabatheke kangako luluvo oludumileyo lwala mhla, lokuba, "WayenguBhelezabhule; Wayezenza nje ngokholwayo; kwakungekho nto yenene kuYe," yena, yintoni awayenzayo? Wanikezela, wanikezela ngethuba lakhe eBukhoneni bukaThixo. Ngewayexolelwe. Wathi, "Ndinamandla okukubethelela Wena emnqamlezweni. Ndimandla okukukhulula Wena."

107 Wathi, "Akunamandla ngaphandleni avela kuBawo waM." Kwakufanele wazile, ukuba wayesazile iSibhalo. Kunye naye, ekubeni engumJuda, kwakufanele ukwazile okuya. Kodwa, uyabona, izithethe zamenza wafundela ezantsi. Leyo yindlela ekuyiyo namhlanje. Ukuba nje wayefundiswe kakuhle! Ukuba indoda yayinokukholelwa oko iZibhalo zikutshiloyo! Kodwa isithethe sayo samkhupha kuyo.

108 Into enye ekuyiyo namhlanje. Abantu bayakuthatha iVangeli yenene, apho uMoya oyiNgcwele ungena khona, namandla nozuko lukaThixo lukhulula aboni ezonweni kwaye ebenza bakhululeke, kwaye ababhaptizele kuMoya oyiNgcwele, kwaye aphilise abagulayo, kwaye abonise imiqondiso nezimanga, kwaye abantu bayakumka, bathi, "Ah! Ngoku uyazi yintoni ibandla lam eliyikholelwayo? 'Obo buvuvu'!" Yabona, uyanikezela; uthengisa ngobuzibulo bakho. Omnye u-Esawu!

109 Abaninzi bafumana ithuba elikwalinye namhlanje, lokuma eBukhoneni Bakhe njengoko benzayo ngoko. Kwaye futhi, ngenxa yoluvo oludumileyo, bayalala Lona. Ukuma eBukhoneni bukaThixo! Ndiyamangala, sihlobo, ngobu busuku, ukuba thina bantu esingamaKristu, eBukhoneni Bakhe, kwaye sigula, ukuba asilali ithuba lokuphiliswa ngokukholelwa nje kuYe? Thina esibanga ukukholelwa Yena, asiqapheli ngokwenene uBukhona Bakhe, oko Athembise ukukwenza namhlanje.

110 Engqinelwe sisithembiso somhla, uYesu wayesohlwaya esa sizukulwana ngokungakholelwa kumqondiso Wakhe wobuMesiya. Siyayibona yona apha, Wayebohlwaya bona. Bembiza Yena uBhelezabhule! Babefuna Yena enze umqondiso kaMoses, mhlawumbi, avule uLwandle oluBomvu. Babefuna Yena enze umqondiso kaDavide, athabathe itrone norhulumente. Kodwa akukho Sibhalo esithe Yena uyakwenza oko. Wayefanele abe nguMprofeti. Uyeza, uKumkani. Wayefanele abe nguMprofeti ngoko, kwaye Wenza umqondiso awayethe uThixo Uyakuwenza kulo mihla, kwaye babesafuna Yena enze umqondiso othile owawubakholisa bona. Yabona?

111 Kwaye ndiyamangala nje ukuba asikhangeli phambili kakhulu ngaphambili into ethile ephakathi kwethu. Ukumangala ukuba akungebi yinto ekwanye, ukuba singagqitha ithuba lethu? Khumbulani, njengemifuziselo emidala, imifuziselo ayisokuze yaphuke. Umqondiso wokugqibela, ngokukaYesu, Wathi, "Njengokuba kwakunjalo ngemihla yaseSodom, kuyakubanjalo kwimihla xa uNyana womntu," hayi uNyana kaThixo ngoku, "xa uNyana womntu etyhilwa." Khangela khona pha ihleli khona namhlanje! Zihlobo, ndinganixelela izinto apha ezingalunganga ukuba ndinixelele, kodwa iyakunothusa.

112 Ndifuna ukunibuza umbuzo omncinci ngelixa sisima, ngaphambi kokuba siqhubekeke nale nkonzo, nje imizuzu embalwa. Ndiyamangala ukuba ndinganibuza na oku.

113 Nabani na uyazi ukuba ihlabathi, ngokuma, yonke into ihlele ngolungelelwano ukwenzela uKuza Kwakhe. "Unyikimo mhlaba kwiindawo ezahlukeneyo; inyanga ikhupha igazi elibomvu, okanye ebomvu intaba mlilo ndaweni yonke, iyigquma," njengoko wathi uYesu qaphela laa mqondiso kulaa mihla yokugqibela; "ulwandle lugquma, iintliziyo zabantu zisilela kukoyika, kunye namaxesha ayindindi, uxinzelelo phakathi kwezizwe."

114 Khangela kugqwetheko lusenzeka namhlanje! Khangela kulo namhlanje, amashumi amane eepesenti ukwanda eCalifornia, abathandana besisini esinye, umtsalane ongowendalo sele ulahlekile.

115 Khangela kwi. . . Khangela kunamhlanje, indlela abantu abaya kuhlala ekhaya, abazibiza amaKristu, baze baphulaphule

kwezinjalo izimilo njengoPat Boone, Elvis Presley, Ernie Ford, kunye nabo abacula amaculo enkonzo ngeCawa; kwaye bajonge kwezo zinto, bajonga kubo bencamisa abo bafazi, kunye nezinto phandle phaya.

116 Ngelixa, akukho ndoda ifanele incamise umfazi de ibe imtshatile. Lawo ngamadlala endoda nomfazi exubana. Mayibe naphina apho inokuba khona, ayilunganga. Ifana nesenzo sesondo. Xa amadlala endoda nomfazi echukumisana, sisenzo sesondo. Kwaye yenzelwe . . . Indoda incamisa indoda emlonyeni, iyakuyenza ihlanze, okanye umfazi umfazi. Kutheni kwahlukile? Isi—isisenzo sesondo, ngokufanayo. Injalo lonto. Umfuziselo kaKristu encamisa uMtshakazi Wakhe, yabona. Kufanele ungaze uyenze lonto.

117 Kodwa jonga kuko namhlanje, yonke le midlalo bhanyabhanya nezinto, kunye nenkulu intlaninge yokuncamisa nokugonana. Kwaye ngenene kuphantse kube lukrexezo lwasesidlangalaleni, ndaweni yonke, kwaye abantu bamfameke kakhulu abayiboni. Injalo! Yonke into ikwimeko yase Sodom, amaSodomi yonke indawo, njengoko iBhayibhile yatshoyo.

118 Ezininzi kakhulu izinto, khangela kule mihla, oko Wathi kuyakwenzeka! Khangela kwizithembiso Awazenzayo, eziyakwenzeka ngale mini. Uze emva koko uzihlole, ngoko kwenzekayo, uze ubone apho sikhoyo, ngoko uyabona nokuba Yena useseLizwini Lakhe okanye hayi.

119 Babefuna ukubona umqondiso kaMoses, umqondiso kaDavide. Oko kwakungekokwesigaba sabo; kwakuthenjiselwe isigaba sikaMoses kunye nezo zigaba. Isithembiso sesi sigaba kufanele senzeke. Ubabonisile sona bona ngokucacileyo, Yena, ngeSibhalo, waza wabamemela ukuba baphengulule iSibhalo, ukuze babone loluphi usuku ababephila kulo.

120 Wenza nto ekwanye kanye ngoku! Phengululani iSibhalo, nina bakholelwa iBhayibhile. Yintoni ekufanele yenzeke kanye apha phambi koKufika Kwakhe?

121 Khangela kwihlabathi, kwindawo; ngoku, elo lihlabathi. Khangela ebandleni, liphi. Khangela ukuba liphi, "liyawa, lidikidiki, iLawodike, ikhuphela ngaphandle iLizwi." Into yonke iya kwelikhulu ibhunga lamabandla, iBhunga laMabandla eHlabathi, lisenza uphawu lwerhamncwa; ntoleyo iBhayibhile iyibabaze ukuba ayilunganga, kunye nazo zonke ezo zinto, kodwa nangona amaProtestanti aqhubela ngqo kuyo, ayatyhoboza, engasazi iSibhalo. Isithethe sawo! Owu, bayafuna i—i—i—ndoda enamandla, kwaye bazakuyifumana. Bayakuqinisekisa ukuba bayayifumana.

122 Wayenayo, khangela, kodwa uYesu wazazisa Yena ngokugqibeleleyo ngqo ukuba wayeNgubani Yena, kwaye wabonakalisa kubo ukuba wayeNgubani Yena, kwisigaba Sakhe.

123 Kwaye into ekwanye namhlanje! Ngoku khangela kuyo, masithabathe landawo kaLuka 17, "Njengoko kwakunjalo kwimihla yaseSodom." Khangela ehlabathini, khangela ebandleni, imeko yaseSodom! Khangela apho wayekhona uLote; xa loo madoda azama nokuzama u—kuzama ukutyhoboza emnyango, kwezi ngelosi, la madoda.

124 Qwalasela, khangela apha. Kwakukho . . . Khangela, u-Abraham wayephezulu entabeni. Wayengekho eSodom. Lowo ngumfuziselo.

125 Kwasoloko kukho amababakala amathathu abantu kwintlanganisela yenkolo; amakholwa, omakholwa-okuzenzisa, kunye nabangakholwayo. Kwasoloko ingaba bathathu! Kwaye phaya babephaya; kukho ongakholwayo umSodomi, ikholwa-lokuzenzisa uLote, kunye no Abraham ibandla elinyuliweyo.

126 Ngoku, bukela abathunywa babo kula mhla. Abathunywa ababini behla baza bashumayela eSodom. Abazange benze naminye imimangaliso, kuphela nje bababetha ngobumfama. Ukushunyayelwa kweLizwi kuyakwenza okuya.

127 Kodwa bukela hlobo luni lommangaliso le Ngelosi eyalwenzayo eyahlala no Abraham. Yayinomqolo Wayo ujikelwe ngasemva. Yaza yaxelela u-Abraham igama lakhe liguqulwe; yambiza "Abraham" endaweni ka Abram. Wayengenakho ukuba nosana de igama lakhe liguqulwe, noSara ngokunjalo. Yabaxelela ukuba yayingobani amagama abo. INgelosi yabaxelela oko. Kwaye Yatsho ukuba Yayizakutyelela uSara ngokwexesha lendalo.

128 Kwaye uSara wahleka malunga noko. Kwaye xa uSara wahlekayo . . . INdoda inomqolo Wayo ujikiwe, iNdoda isitya inyama yethole, kwaye isela ubisi olusuka enkomeni, kwaye isitya isonka; iNdoda, uthuli empahleni yaYo, umhambi, yayinguThixo Ngokwakhe. Kwaye u-Abraham wayiqaphela ngokuba Yazazi iingcinga ezazisentliziyweni kaSara emva kwaYo. Yathi, "Kutheni uSara esithi ngaphakathi kwakhe, 'Zingenzeka njani ezi zinto?' Ingaba ikhona into enzima kuThixo?" Yabona? Kwaye uSara wabaleka waphuma wayiphika. Yathi, "Ewe, kodwa uyenzile." Ngoku, Yayinokubuthatha ubomi bukaSara kanye phaya, ngenxa yokuba engakholwa, kodwa, yabona, uyinxalenye ka Abraham.

129 Kwaye ukungakholwa kwethu ekuzibonakaliseni Kwakhe okukhulu kule yure; siyinxalenye kaKristu. Yena nje, yabona, si—si, yabona, okwethu . . . U—Ufanele ayigcine.

130 Ngoku, qwalasela, akuzange kubekho xesha kwimbali yesigaba sebandla . . . Kwaye ndazi omnye umfundi wenene endithetha naye, umbalisi mbali. Akuzange kubekho. Ndingabuza nawuphi umfundi weBhayibhile andixelele ngendoda ibenye eyakhe yathunyelwa kwisigaba sebandla, kweli bandla kusukela ekubethelelweni kukaKristu, ulungiselelo

lwehlabathi lonke, egama layo laphela ngo h-a-m, njengo A-b-r-a-h-a-m, kude kube ngulo mhla. USankey, Finney, Moody, Knox, Calvin; kodwa naphina kwabakho uG-r-a-h-a-m ngaphambili, uBilly Graham, omkhulu umvangeli phandle phaya kunye namahlelo aseSodom? Zange. Kukho owanamhlanje u-Oral Roberts phandle phaya kunye namaPentekoste, into ekwanye. Ingaba wazile oko?

131 Kodwa, uh-a-m! Ngoku, uG-r-a-h-a-m ngonobumba abathandathu kuphela, kodwa u A-b-r-a-h-a-m ngonobumba abasixhenxe. Isithandathu lnani lomntu, umbutho womntu, ukwenza komntu; kodwa u A-b-r-a-h-a-m ngonobumba abasixhenxe. Ngoku qaphela, kwiBandla elinyuliweyo elikhutshelwe ngaphandle, hayi loo mahlelo, kodwa ibandla eLinyuliweyo ukuba lime ngaphandle, kukufumana umthunywa, ngokunjalo, kulemihla yokugqibela.

132 Yintoni eyenzekayo ezantsi phaya? Yintoni eyenzekayo phezulu apha? Thelekisa noko uYesu wakutshoyo. Zange ngaphambili kwimbali sakhe samila. Kwaye imiqondiso ekwaminye eyakwenziwa! Aniqondi, zihlobo, kwaye niqaphele nguThixo ehlile eVangelini, kubantu Bakhe, ezenza Yena aziwe? Aninakho ukuqaphela iyure esiphila kuyo? Ingaba sizikhuphele nje ecaleni ukuba siqhwabe izandla kancinanana, sidlale ipiyano, kwaye sicengceleze *oku*, size—size simke eLizwini, de sibe simfameke olohlobo kulo? Ngokuqinisekileyo asinjalo. Masiqaphele iyure esiphila kuyo.

133 UPetros, uNathan, okanye uNathaniyeli, gxebe, kunye nomfazi, bayiqaphela. Bona, bona ba—bawuqaphela umqondiso Wakhe, umqondiso wobuMesiya.

134 Okukwakunye ngoku nezi zinto ndizitshoyo. Ngoko kwesi sigaba, uYesu wathi . . . Ngoku bukela, Ubhekiselele emva ngoku, ebaxelela ngesigaba. UThixo, nakwesiphi isigaba, xa Ethumela uMyalezo Wakhe, owawuliLizwi Lakhe, kwaye walazisa Lona kwesa sigaba; abantu abalikholelwayo, yayilixesha elikhulu kubo; abantu abangazange baLikholelwe, baya kwingxubakaxaka. Yasoloko injalo.

135 Njengakwiintsuku zikaYesu, into ekwanye. Mbukele emile apha Yena ngoku. Wathi, "Njengoko kwakunjalo ngemihla kaYona, kuYonah; kuba njengoko uYona wayesesiswini somnenga, iintsuku ezintathu kunye nobusuku, kuyakubanjalo nakuNyana womntu."

136 Wathi, "Isizukulwana esingendawo nesikrexezayo siyakufuna umqondiso." Ngoku niyayazi oko ndikucingayo Awayekwenza? Wayeprofeta, "Esingendawo nesikrexezayo isizukulwana."

137 Ndiyamangala ukuba nayiphi indoda esekwingqondo yayo elungileyo ingaphika ukuba asiphili kwesingenamandla nesikrexezayo isizukulwana, xa abathandana besisini esiye,

ukugqwetheka! Kwaye isantya soqhawulo mitshato eMelika siphezulu kunaso sonke esinye isizwe ehlabathini. Kwaye ihlabathi lonke lingena kwingxubakaxaka yayo. Isithathu saso sonke isine, phantse, siqhawule umtshato; jikelele, uthatha yonke into jikelele kwishumi leminyaka yomtshato. Yabona? Yicinge! Uqhawulo mtshato, ukutshata kwakhona nokutshata kwakhona, uqhawule umtshato utshate kwakhona. "Babesitya, besela, betshata abafazi kwaye betshatisa." Khangela kwiyure esiphila kuyo. Kunini yakhe yayengako ingxubakaxaka?

138 "Esingendawo kunye nesikrexezayo isizukulwana siyakufuna umqondiso, qwalasela, kwaye bayakufumana umqondiso." Intoni? Esi sizukulwana. "Kuba njengoko uYona wayesesiswini somnenga, iintsuku nobusuku obuthathu, uNyana womntu kufuneka abe sentliziyweni yomhlaba iintsuku nobusuku obuthathu." Ngowuphi umqondiso esa sizukulwana esingendawo nesikrexezayo esiyakuwamkela? Umqondiso wovuko.

139 Kwaye namhlanje, emva kwamawaka amabini eminyaka, sisabona uYesu Kristu emandleni ovuko Lwakhe, emile phakathi kwethu, esenza izinto Awathi wazenza ngoko nawathembisa ukuzenza. "Esingendawo nesikrexezayo isizukulwana sifuna umqondiso, soloko efuna 'ndibonise *oku*, kwaye ukuba unokwenza *oku* kwaye wenze *oku*.' Bayakuwufumana, umqondiso wovuko." Ukwanguye izolo, namhlanje, naphakade; iLizwi libonakalisiwe, lihleli phakathi kwethu. Indlela ekufanele simbulele ngayo uThixo ngomqondiso Wakhe omkhulu!

140 Qwalasela Wabhekiselela kwinto ethile engenye phaya. Wathi, "Kwaye njengoko ikumkanikazi yasezantsi iyakuma," leyo yikumkanikazi yaseShebha. Phulaphulisisa ngoku.

> *Ikumkanikazi yasezantsi iyakuma emgwebeni kunye nesi sizukulwana, kwaye iyakusigweba sona: kuba yasuka* eziphelweni *zomhlaba ukuba ive ubulumko bukaSolomon; kwaye, khangela, omkhulu kunoSolomon ulapha*.

141 Qwalasela, masibhekiselele kokuya, imizuzu embalwa. Wayefunda iBhayibhile ekwanye esiyifundayo, malunga noYona, kwaye Wayefunda malunga noSolomon. Ngoku, xa isigaba sikaSolomon safikayo, wayene . . . wayenesipho sokucalula. Kwaye bonke abantu, isizwe sonke, sasikholelwa. Wonke umntu waye emxhelo mnye entliziyo nye. Wonke umntu wayeyikholelwa.

142 Ukuba wonke umntu, ngobu busuku, ukuba iMelika yonke, ingajika nje iye kuThixo kwaye ikholelwe uThixo, sesona siqinisekiso esinaso, iyakuba zizo zonke indawo zokuzikhusela kwiziqhushumbisi kunye nento yonke engenye.

143 Akukho bani owakhohlisa uSolomon. Babemoyika ngokuba wayeyindoda enesipho. Kwaye abantu bamkholelwa yena njalo, wayethunyelwe esuka kuThixo, de bamenza ikumkani yabo. Zonke izizwe zazimoyika yena; hayi ngenxa yamandla abo omkhosi, kodwa ngokuba uThixo waye ekunye nabo.

144 Kwaye ukuba esi sizwe esibanga ukuba sibubuKristu, ukuba nje kuphela, sonke ngokuhlangeneyo, singabambelela kwesi sipho sikhulu esisinikiweyo kulemihla yokugqibela, uMoya oyiNgcwele kaThixo ophezu kweBandla. Hayi imvumo nkolo. UMoya kaThixo! "Akungamandla, akungagunya, kodwa kungoMoya waM," utsho uThixo. UMoya oyiNgcwele, uYesu Kristu kwimo kaMoya, phezu kwethu, "onguye izolo, namhlanje, naphakade," esenza eli Lizwi liphile oko Athe Liyakukwenza. Qaphelisisa ngoku.

145 Owu, iindaba zaphuma zaya ehlabathini! Babengenamabanwakude nonomathotholo, kunye nezinto ngezo ntsuku, ke yahamba ukusuka kumlebe ukuya kwindlebe. Kwaza emva kwethuba iinqwelo ezinkulu ezitsalwayo zangena zehla ukunqumla iNtlango iSahara, ntoleyo iluhambo lweenyanga ezintathu ukusuka ePalestina ukuya ezantsi apho ahlala khona. Kwaye ukholo luza nga (ntoni?) ukuva, ukuva iLizwi likaThixo. Kwaye wayevile malunga nalentlanganiso inkulu ababenayo phezulu phaya, kwaye nangaliphi ixesha inqwelo etsalwayo yayisiza ngala ndlela, ebeya kubuza, "Ingaba, udlule ePalestina na?"

"Ewe."

"Owu, malunga nantoni nokuya?"

146 "Owu, i—ingaphaya kwayo yonke into! Akuzange ubone olungakaya ucalulo. Kwaye inje ngothixo ehleli phaya. UThixo wabo umelwe emntwini obizwa uSolomon."

147 Kuhle, "ukholo luza ngokuva." Intliziyo yekumkanikazi encinci yaqalisa ukulambela ukunyuka aye kufumanisa malunga nayo. Yabona, waye emiselwe uBomi.

148 Qwalasela ngoku, into yokuqala yokwenza ngoku, yena ekubeni engumnquli zithixo, kwafanela aye kufuna imvume kumbingeleli wakhe, ukuba aye. Ke ndingafane ndicinge ndibona yena esiya ngaphaya kumbingeleli wakhe, esithi, "Bawo ongcwele, ndivile banenkulu imvuselelo phezulu phaya e—ePalestina. Ndingathanda imvume ukuya phezulu ndizibonele ngokwam."

149 "Ngoku, mntwana wam, ngoku akufuni kuxubaniseka kwethile . . . Emva kwako konke, asisebenziselani kula mvuselelo, ke wena—wena akunakuya. Yabona, okuya yimfumba nje yobuvuvu. Kuyo aku—akukho nto. Aba bantu babanga banqumla ngoLwandle oluBomvu, kwaye benze konke *oku*, *okuya*. Akukho nto kuyo. Ukuba bekukho nto

enjeya eyenzekayo, ibiyakuba kanye apha ebandleni lethu." Sisenabahedeni.

150 Ke siyafumanisa ukuba waqalisa ukulamba. Wathi, "Ngoku jonga," wathi, "bandixelele, ukuba, 'UThixo wabo phezulu phaya umelwe emntwini, kwaye ubulumko bakhe bungaphaya kwento yonke. Ucalulo lwakhe luyamangalisa.'"

"Owu, akukho nto kokuya."

Wathi, "Kodwa mhlawumbi ndi—ndi . . . "

151 "Kulungile, khangela, uyikumkanikazi, awunakunxulunyaniswa kwigquba labantu olunjeya. Ukuthi, akunakukwenza okuya. Ela gquba labantu, laziwe kwihlabathi lonke njengababaxi benkolo. Akunakukwenza oko."

152 Kodwa, uyabona, xa uThixo eza kusebenza ngentliziyo yomntu, akukho nto ezakuyinqanda. Umyeni, umfazi, abantwana, umalusi, nantoni engenye enokuyinqanda xa umntu elambele uThixo ngenene. Bayaya, nakanjani. Ke walungela, ukulungela.

153 Kulungile, ebenokuthi, "Kuhle, ndiyakukunika nje . . . Ndiya—ndiyakufuneka ndikusike kubudlelwana bethu."

154 "Kuhle, ungakhe nje ukwenze oko. Ndiyahamba, nakanjani. Ndizakuzibonela ngokwam malunga noku konke, kwaye uyabona."

155 Wayezise iincwadi ezisongwayo kwaye wayefunde oko uYehova afanele abe kuko, malunga nabaprofeti Bakhe kunye noko afanele akwenze, indlela iLizwi likaThixo liyakubonakalisa ngalo, indlela Eliyakuzazi ngalo ezi zinto xa lalimelwe, ligqunywe enyameni yomntu, into eliyakuyenza. Kwaye wayezifundile zonke ezi zinto.

Ke ndiyakumva yena, "Kuhle, khangela, incwadi yethu itsho *oku*," watsho.

156 "Ewe, khangela, mna . . . umakhulu kamakhulu wam wema phambi kwa ezo zinye izithixo. Wema waza wenza imithandazo, usuku emva kosuku. Akuzange kubekho nasinye sishukumayo, nakundumzela, okanye kwanto ingenye. Kwaye ndidiniwe, sesi sidala sifileyo isimo. Ndifuna ukuhamba ndibone ukuba kukho uThixo ophilayo." Kubi kakhulu asinabo abangaphezulu babo kumkanikazi namhlanje.

157 Ke walungiselela ukuhamba. Ngoku xa efika kule ndawo apho kufanele ahambe, ngoku, khumbulani, wayenobunzima obukhulu. Kwakungekho lula njengoko kuyakubanjalo kuwe. Ngoku qwalasela oko kwafuneka akwenze.

158 Nantsi enye into endiyifunayo, endingafuni kuyishiya. Watsho oku, "Ndiya phezulu phaya, kwaye ndizakuthabatha imali ethile. Ndizakuthabatha izipho ezithile. Kwaye ukuba

iyinyaniso, ndizakuyixhasa. Ukuba asiyonyaniso, ngoko ndingabuyisa imali yam."

159 Laa mfazi angafundisa amaPentekoste. Ewe, mhlekazi. Xhasa izinto phaya ezihlekisa kwaye zenze intlekisa ngempiliso eNgcwele, kwaye futhi uze uxhase iinkqubo zikanomathotholo endaweni yelakho ibandla, injalo lonto, kwaye ukuhleka nokwenza intlekisa yezona zinto ukholelwa kuzo.

160 Kodwa wathi, "Ndiyakuyithabatha. Kwaye ukuba ayilunganga, ndingayibuyisa."

161 Ngoku khumbulani, kunye nabo bonke obu butyebi khona phaya, ezinkameleni. Kwaye ngoku khumbulani, abakhweli-mikrozo baka Ishmayeli babengabakhuthuzi basentlango, babephandle phaya. Enjani ukubalula into eyayinokubayiyo kubo ukuwela kulo e—eli xhoba, kwaye, kutheni, babenokuwabulala loo mathenwa ambalwa ayekunye naye, baze bathabathe la mali baze bemke.

162 Kodwa kukho into ethile malunga nayo, xa uzimisele ngenene, kwaye uThixo ezityhila Ngokwakhe, uzimisele ukumbona uKristu, akukho ngozi phambi kwakho. Akukhathaleli nto! Ugqirha uthi uzakufa, akuyiqwalaseli kwa ukuyiqwalasela yona. Xa utyhudisa, uyayazi kukho into ethile phaya.

163 Into ethile ezantsi entliziyweni yakhe, ivutha, ukholo kulo Thixo! [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.]. . . iinyanga ezintathu zokuhambela ngaphaya kweNtlango iSahara. Hayi kwiCadillac enomoya opholisayo. Hayi, hayi. Wathabatha iinyanga ezintathu ukunqumla iNtlango iSahara, mhlawumbi ukuhamba ngobusuku, efunda iincwadi ezisongwayo, kwiindawo zokuphumla entlango ngexesha lasemini, wade wafika.

164 Ngoku, akumangalisi uYesu wathi uyakuma ngeemini zokugqibela asigwebe esi sizukulwana, kuba abanye babo abayi kuwela isitrato; kwaye omkhulu kunoSolomon ulapha, uMoya oyiNgcwele Ngokwakhe. Yabona? Akumangalisi uyakuma kwimihla yokugqibela asigwebe esi sizukulwana!

165 Bukela, wade wafika. Akazange aze njengabantu abaninzi, abanye abantu bayakuza kumhlangano ongaqhelekanga. Weza kwaye wathabatha iinkamela zakhe, waze waphumele entendelezweni, wabeka iintente zakhe, kwaye wayezakuhlala phaya ade oneliseke.

166 Abantu abaninzi bayakuza, bahlale mhlawumbi imizuzu emihlanu, mhlawumbi amashumi amabini anesihlanu. Kwamsinya umvangeli okanye othile esitsho into echaseneyo nale a—acinga ukuba imvumo nkolo yakhe iyayitsho, okanye eyakhe, eyakhe imvumo nkolo, baphumile bayahamba. Yabona, akukho nambeko. Akumangalisi uyakusigweba esi sizukulwana; weza kuhlala de woneliseka.

167 Ndifane ndicinge inkonzo yokuqala ngala ntsasa, xa amaxilongo onke avakala, uMalusi uSolomon waphuma. Wayesenokuba wayehleli emva ngasemva. Wathi, “Ngoku ndiyakuzibonela. Ndiyazi oko koko uYehova afanele abe kuko. Indoda ingenza amabango, kodwa ndiyakufumanisa.” Ke wahlala phaya ngala mini waza wabukela, kwaye wabona wonke ubani esiza eqongeni. Wabona olwa calulo lwalugqibelele.

168 Ekugqibeleni, masithi ikhadi lakhe lokuthandazelwa labizwa, okunokuthi mhlawumbi lalingelilo, kodwa ixesha lakhe lafika lokuza phambi koSolomon. Kwaye iBhayibhile yathi, okuya, “Xa weza kuma phambi koSolomon, laa Thixo wenza uSolomon azazi zonke iimfihlelo zakhe. Kwakungekho nto ifihliweyo.” Emva koko ummangaliso wenziwa kuye.

169 Emva koko waguqukela kwisihlwele, waza wathi, “Zonke ezi zinto ebendizivile ziyinyaniso, kwaye zinkulu ngaphezu kokuba ndivile ngazo.” Yabona? Owu, kwakungekho bomi ngakumbi bushiyekileyo kuyo, wakhwanqiseka, kuba nantsi indoda eyayingamazi, ongaziwayo, yatyhila izinto awayefuna ukuzazi.

170 Owu, kwaye uYesu emile phaya, owayengaphezulu kunoSolomon! Wayeyinzaliseko yentlokobuThixo isemzimbeni. Wayengozelwe yintombi uNyana kaThixo. Wambathwa phezu Kwakhe, kwaye uYehova Ngokwakhe ebonakalaliswe enyameni. Kwaye apha Wayemile phaya ekwinzaliseko, kwaye bathi abayi kumkholelwa Yena, ucalulo olukhulu. Yabona, Waye enguSolomon edibene noDavide, edibene nabo bonke babo baye bonke bekuYe. Bonke abaprofeti babethandelwe kuYe, omkhulu kunoSolomon.

171 Kwaye kwa kulamhla, Wathi, “Ukuba uthetha wona lo mazwi ngokuchasene naM, Ndiyakukuxolela. Kodwa xa uMoya oyiNgcwele efika, iyakuba nkulu kunangoku, kunye nogwebo olukhulu.”

172 Kwaye naku simi namhlanje sibona laa ukuba laa Thixo mnye esenza kwa into enye! Ndiyakholwa uyakuma kwiMini yoMgwebo aze agwebe esi sizukulwana, kuba waguquka kwaye wakholelwa umyalezo kaSolomon awayewushumayela, kwaye wakholelwa kuThixo. Yabona into yenene.

173 Niyazi, yintoni ingxaki namhlanje, kukho abantu, abantu abaninzi, kunye nabantu abendawo kwaye baye nje ecaweni baze babe nemvumo nkolo. Yabona, babone okungako nje kububuxoki, okungako nje kuyimpakamo, nokungako okwezakhiwo ezinkulu ezintle. Kwaye—kwaye, thina, masingakhe—masingakhe siphume ecaleni kwelahlobo lomsindo. Yabona, uThixo akahlali kwizakhiwo ezikhulu; Uhlala entliziyweni yakho. Yabona, uThixo akahlali kwimfundo yobukrelekrele; Ukude kuyo. Uhlala kwintobeko, entliziyweni yakho.

174 Uhlala eLizwini Lakhe, kwaye iLizwi Lakhe liza entliziyweni yakho lize lizithethele Lona, lidandalazise. Utolika iLizwi ElileLakhe ngawe. Uzama ukufumana umntu othile Anokumfumana, ukubonisa ukuba Yena usenguThixo. Yabona? Kwaye Yena isenguye, Uyakuyenza lonto ukuba nje Unokufumana umntu othile Anokuthetha kuye. Ukuba Angafumana omnye umfazi onethombe legazi, Angathetha into ekwanye. Angenza into ekwanye, esazisa, edandalazisa. SiseBukhoneni bukaThixo, bungaqatshelwa Bona.

175 Ikhumbuza ibalana elincinci. Ndingabe ndakhe ndalibalisa kuni kwakanye, andiyazi. Iyakunyamekela kanye ngoku. Njengoko nonke nisazi, ndi—ndizingela izilwanyana ezinkulu. Kwaye ndandiphezulu kumahlathi asentla, ndiqhele ukunyukela phaya ndizingele, lonke ixesha. Kwaye ndandinesihlobo phezulu phaya esibizwa Bert Call. Wayengumzingeli osulungekileyo, malunga nesiqingatha somNdiya. Zange kwafuneka ukhathazeke malunga naye, wayengazukulahleka. Kwaye ngenene sasizizihlobo, kodwa yayiyindoda ekhohlakeleyo, entliziyweni, endakhe ndayibona. Yayingenayo nje intliziyo konke konke. Yayiqhele ukudubula amantshontsho exhama, ezo ziintsana zamaxhama amancinci, nje ukundenza ndive kakubi. Kwaye wayeyakuthi, "Owu, nina bashumayeli nintliziyo-zenkukhu. Billy, ubuyakuba ngumzingeli olungileyo ukuba ubungengomshumayeli." Wathi, "Untliziyo-yenkukhu kakhulu."

Ndathi, "Bert, oko asikokubanantliziyo-yankukhu."

176 Ngoku, kulunge konke ukubulala amantshontsho exhama ukuba umthetho utsho njalo. U-Abraham wabulala ithole waza wondla ngalo uThixo. Asibobungakanani bayo okanye isini sayo.

177 Kodwa kukuyikhohlakalela nje, kwaye nje ebeyakudubula wona amantshontsho aze nje ahleke, enze ukuhleka ngokuba ndivakalelwa kakubi malunga nayo. Kuhle, ngoku, a—akwenze oko.

178 Kwaye ngomnye unyaka nndanyukela phaya. Kwaye wayezenzele impentshana encinci ebeyakuthi ayivuthele, njengentshontsho lexhama, indlela elibiza ngayo, uyazi, umama walo. Waza ke wathi, "Hey, Billy, phambi kokuba siqalise ngale ntsasa," wathi, "Ndifuna ukukubonisa into ethile endinayo." Waza wandibonisa.

Ndathi, "Bert, akusayi kusebenzisa into enjeya."

179 Wathi, "Owu, sondela kwisiqu sakho." Kwaye umfo wayenamehlo nje ngathi ngawecikilishe, njengabanye baba bafazi abazama ukuqaba amehlo abo, uyayazi indlela, njengokuya. Uyazi, wajonga kum, kunye naloo mehlo akhangeleka ngokwecikilishe, kunye nemehlo, yaphantse yandoyikisa.

Ndaze—ndaze ndathi, “Bert, sukuyenza lonto.”

Wathi, “Owu, bashumayeli bantliziyo-yenkuku!”

180 Ke thina—thina sasi . . . Ndandisemva kwexesha ekuvukeni ngela xesha. Kwaye ezo zangesentla elimsilamhlophe . . . Imeyile yexhama lakho apha, liyakuza kuwe, kodwa hayi enye yabo bafo. Ngalo lonke ixesha lidutyulwe, liba yi . . . Uthetha ngoMnyamalali ekubeni lichule lokuphuncuka, ungongekagqibeleli ekuqeqeshweni, kubo. Ke kwakusemva kwexesha kwaye ayedutyulwe. Kwaye wona amaxhama ayezimele, esidla ebusuku ekukhanyeni kwenyanga, aze alale emini. Sahamba yonke indlela ukunyukela kwendala iJefferson Notch, sayakutsho phezulu eMount Washington. Yabe, yayizii-intshi ezimalunga nesithandathu sekhephu emhlabeni, imoyezulu entle yokulandela umzila; zange ndabona nomnye umzila.

Wathi, “Ucinga ntoni, Billy?”

181 Ndathi, “Phaya uwoyikisile onke emka apha, yona lomipu izitshintshelayo midala oyidubulayo.”

182 Kwaye ke saqhubeka. Emva kwethuba, malunga nentsimbi yeshumi elinanye. Sasoloko siphatha i—imbhodlela encinci yobushushu izele yiti yetshokolethi. Yeyokuba xa wenzakele, okanye into ethile engenye, okwakuzivuselela, kunye nesangwiji. Ke kwakumalunga neshumi elinanye okanye icala emva kweshumi elinanye, ndiyaqikelela, safika ekuvulekeni malunga nomlinganisela waleholo apha, okanye esi sakhiwo, kungekho mithi. Ke ngahlobo luthile nje wahlala phantsi, wabeka umbaxa wakhe wawoyamisa ngomthi, waqalisa ukuya ngasemva *apha*. Kwaye ndacinga wayebuyela emva ukufumana eyakhe—ukufumana eyakhe ibhodlela yobushushu. Ndacinga, “Kulungile, sizakutya.”

183 Ngokwasesiqhelweni sinyukela kumphezulu wentaba size sitye, kwaye omnye uphuma ngendlela enye kwaye nomnye, size sibuye. Kwaye siyayazi indlela, kakuhle. Kwaye ukuba sifumana ixhama, siyalixhoma nje phezulu, kwaye siyazi, simke siye kuncedisana siwangenise. Ke ndacinga wayezakutya nje isidlo sakhe sasemini, kwaye siyakwahlukana, kuba kwakuphantse ukuba ngasemdeni wehlathi. Ke nda . . .

184 Wafikelela ngasemva. Ndaza ndaqalisa ukuthabatha imbodlela yobushushu yam, ukufumana itshokolethi yam, ndaza ndaqalisa ukukhupha ngolwahlobo. Kwaye watsala leya indala impempe encinci empokothweni yakhe, waza wayinika olukhulu uvuthelo ng*olwa*hlobo. Waza wajonga kum ngalo mehlo ngathi licikilishe kwakhona, waza wavuthela la mpempe. Kwaye xa wayenzayo, nje malunga nakude njengokunqumleza esi sakhiwo, elikhulu kakhulu ixhama laphakama.

185 Ngoku ukuba abanye boodade bethu bangathi bangazi, ixhamakazi ngunina. Kwaye, yabona, la mpempe yayilusana,

kwaye lalikhala, kwaye eli likhulu ixhamakazi laphakama. Kwaye kanye malunga nentsimbi yeshumi elinanye emini, nabani ozingela amaxhama uyayazi ukuba elo lixesha elibi. Alele.

186 Ke laphakama labhekabheka. Ndingalibona lona nje ngokucacileyo. Wajonga ngasemva kum, waze wavuthela kwakhona. Kwaye endaweni yo—yokubaleka, laphumela kanye ekubonakaleni.

187 Ngoku, oko akuqhelekanga. Awasokuze akwenze oko. Nawumphi umzingeli uyakwazi oko. Kwaye awasokuze, kwaye awasokuze akwenze oko. Kodwa laphumela ngqo ngaphandle. Kutheni? Lalingunina; kwaye elo yayilusana. Yayinjalo, yabona, izalelwe kuye nje ukuba abe ngumama, kunye nolwasana.

188 Kwaye uBert wajonga phantsi, watsalela ngasemva labholiti, wayihlisa la thirty-o-six yembumbulu. Kwaye wayengumdubuli obulalayo. Kwaye ndimbonile eyihlisela ezantsi *ngolu* hlobo, ndaza ndazi uyakugqabhuza intliziyo yalo ethembekileyo ibe ngamacala amabini, ikhulu kunye namashumi asibhozo eenkozo, imbhumbhulu yekhowa. Ndaza ndacinga, "Ungayenza njani lonto, Bert? Ungathini ukukhohlakala kangaka, ukubiza lanina wexhama umkhuphele ngaphandle uze emva koko udubule intliziyo yakhe iphume kuye, kwaye yena ezama ukufumana usana lwakhe? Ungathini ukukhohlakala ngolohlobo ukuba wenze oko?" Ndandicinga oko. Kwaye ndabona yena elungelelanisa ng*olwa*hlobo.

189 Ndaza andabinakho, ndandingenakho ukujonga kuyo. Yayinganyamezeleki nje kwaphela. Ndiyaqikelela ndinentliziyo-yenkukhu. Ndaguqula umhlana wam nje, ndaza ndacinga, "Thixo, angayenza njani lonto? Angathini umntu ukukhohlakala kangakaya, ukuba enze okuya, nje ukudubula intliziyo yolwasizi lomama onyanisekileyo iphume kuye?"

190 Ngoku, wayengalinganisi. Wayengenzi mboniso. Wayengumama. Wayembonile umzingeli xa waphosa lampu phantsi, kodwa ingaba wabaleka? Hayi, mhlekazi. Usana lwakhe lwalusengxakini, kwaye wayezama ukufumana usana lwakhe.

191 Kwaye ndaguqula umhlana wam, njengoko nditshilo, ndaza ndaqalisa. Ndathi, "Nkosi Thixo, angathini ukuyenza?" Ndaqaphela, ndaza ndalinda, ndalinda, umpu zange udubule.

192 Ndaza ndaguquka ndajonga, kwaye umpu wawuhamba *ngolu*hlobo. Wayengenakho ukuwubamba. Waguquka, loo mehlo makhulu madala ecikilishe ayeguqukile, iinyembezi zazisihla ngesidlele. Walahla umpu emhlabeni, waza wathi, "Billy, ndanele yiyo. Ndikhokelele kula Yesu uthetha ngaye."

193 Kanye phaya kulamfumba yekhephu ndamkhokelela kuKristu. Kutheni? Wabona into ethile yenene, wabona into ethile enyanisekileyo. "Ukuba bayabamba u . . . uxolo lwabo, amatye ayakunkqangaza." Laa mama wayengalinganisi nto.

Wayengumama onyanisekileyo. Akukhathaliseki nokuba yayikukufa, okanye yayiyintoni, wayemile kanye ngqo ebusweni bokufa, esazi nje nangaliphi ixesha laa mbumbulu iyakugqabhuka entliziyweni yakhe, kodwa wayesemva kosana lwakhe.

194 Owu, ukuba nje singaba ngokangako umKristu njengokuba ela xhama lalingumama! Kutheni? Lazalwa lingumama, lazalwa ukuba libe ngumama. Sizalwe ukuba sikholelwe iLizwi likaThixo. Sizalwe ukuba sikholwe uYesu Kristu.

Masithobiseni iintloko zethu.

195 Bangaphi ngaphakathi apha kanye ngoku, kunye nesandla esiphakanyisiweyo, bangathi, "Mzalwana uBranham, enyanisweni ndingathanda ukuba luhlobo lomKristu elathi ela xhamakazi laba ngumama. Ndi—ndinqwenela ukuba intliziyo yam yayizele kakhulu nguKristu okokuba ndingema ebusweni bayo nantoni kwaye ndibe ngowenene umKristu nje kangangoko njengelaxhama lalingumama. Mna, elo luhlobo lamava endiwafunayo"? Ungaphakamisa isandla sakho? UThixo akusikelele. Kulungile oko. UThixo akusikelele. Abaninzi kakhulu, ndaweni yonke. Ndinombulelo kakhulu okokuba nisenento eyaneleyo yokwenene kuni eyakunenza nikholelwe.

196 Yabona, kungathini ukuba ubungakholelwanga? Ibingayikuba lusizi, ukubona ongakholwayo kwindawo apho iintliziyo zabo ziqine kakhulu de bangabi nakukholelwa konke konke, begwetyiwe, bemkile, belahlekile, abazi nto malunga nayo, bengazi yeyiphi iyure apho ukufa kunokunkqonkqoza khona emnyango? Kufuneka uphumele ngaphandle uye kuNaphakade.

197 Kwaye uYesu wathi, "Ngaphandle kokuba umntu azalwe ngokutsha," ube ngokangako umKristu njengela xhama lalingumama, "akusayi kumbona uThixo; uphelile, akukhathaliseki mangaphi amabandla owajoyinayo." Wayethetha nomkhokeli wenkolo wala mhla, uNikodimo, indoda enamashumi asibhozo eminyaka ubudala, waza wamxelela ukuba kufuneka azalwe, kufuneka abe luhlobo lomKristu njengexhama lalingumama phaya.

198 Ingaba kukhona lowo othe abaziphakamisa izandla zabo, abaziyo ngenene uBukhona bukaThixo, babuqaphele Bona kwaye uthi, "Ndiyayazi ukuba andilungisanga"? Xa uqonda akulungisanga, uqaphela uBukhona bukaThixo.

199 Kodwa xa ungaziyo ukuba akulungisanga, iBhayibhile ithe, "Wena uludwayinge." Kwesi sigaba, ibandla liyakuba "ludwayinge, usizi, ihlwempu, imfama, kwaye lize, kwaye lingayazi lonto."

200 Cinga nje ukuba indoda okanye umfazi ebesesistratweni, elidwayinge, imfama, ihlwempu, usizi, kwaye eze, kwaye unakho ukubaxelela ukuba babeze, kwaye bayakuphulaphula kuwe,

kodwa kungathini ukuba baze kwaye bengakukholelwa oko? Yenjani imeko yengqondo leyo!

201 Kuhle, ngoku, elo luhlobo lwemeko yokomoya eyiyo. Abantu bamfameke ngokwasemoyeni, baludwayinge, usizi, baze phambi koThixo, aboni abazama ukuzigquma emva kwamagqabi omkhiwane ehlelo elithile, kwaye bengayazi lonto.

202 Ungaphakamisa isandla sakho, umntu othile ongomnye? UThixo akusikelele. Kulungile oko. INkosi ikusikelele. Phambi kokuba wena . . . Mhlawumbi ungongaziwayo apha, akuzange umbone uThixo esenza nenye into. Kodwa ngaphambi kokuba ubone nenye into, wena, futhi usathi, "Ndiyakuyamkela kwiziseko zeLizwi. Ndiyazi ukuba omkhulu kunoSolomon ulapha; uMoya oyiNgcwele kaThixo omkhulu ukhona. Ndiyamva Wona. Ndiyamkholelwa Wona. Ndiyakuphakamisa isandla sam. Ndingumoni; ndiyakucela intsindiso."

203 Bawo waseZulwini, sikelela aba baphakamise izandla zabo. Sicela ukuba inceba Yakho inikezwe abo banga—ngaboni. Ukuthi, mhlawumbi bangabebandla. Bona, oko akuthethi ukuba abangabo aboni. Kwaye baphakamise izandla zabo, bafuna ukusindiswa. Nkosi, bekukho Into ethile ngakubo. Baqaphele uMoya oyiNgcwele phaya. Kwaye ba—baqaphele ukuba IbinguThixo, kwaye Ubuthetha nabo, okokuba, ukuba babengenawo amava abafanale babenawo, kwaye baphakamise izandla zabo.

204 Uthe, "Lowo uyakuza kuM, aNdisayi kumlahlela ngaphandle." Kwaye ndiyazi oko yinyaniso. Uthe, kuYohane oNgcwele 5:24, "Lowo uwevayo aMazwi aM aze akholwe kuLowo wandithumayo Mna, unoBomi obungunaphakade; akasayi kuza eMgwebeni, kodwa udlulile ekufeni wangena eBomini. Lowo uzayo kuM, Ndiyakumnika uBomi obunguNaphakade, ndimvuse kwimihla yokugqibela." Ezo zizithembiso Zakho, Bawo.

205 Ndibanga wonke ubani. Mhlawumbi othile umKristu, Nkosi, ozama ukuhamba kubo ubomi, ezama ukuphila ngcono, lonke usuku, kwaye ba—bafuna amava o—o—ohambo olungcono, baphakamise izandla zabo, nabo. Bawo, ndiyathandaza ukuba Uyakubasikelela. Banga bangafumana okwa koneliseka-kupheleleyo ngobu busuku kuKristu, uLizwi enziwe inyama phakathi kwethu. Siphe oko, Nkosi. Ndibanikela kuWe, eGameni leNkosi uYesu Kristu. Amen.

206 UThixo anisikelele. Kwaye njengoko nihleli ngenzolo ngenene, yabona, nje ithutyana; owu, bethu, ndingemizuzu emihlanu ngaphaya kwexesha lam ngoku. Ndixoleleni, bendingabhekiselelanga ukuthetha kade kangaka. Ndiyanixelela, masilinde nje ithutyana, ndinikeni nje imizuzu emihlanu ngaphezulu ukuba niyakuyenza.

207 Bangaphi abayaziyo yintoni awayeyiyo uThixo? Siyayazi into eyayithethayo iBhayibhile Awayeyiyo, kwaye iBhayibhile ithe, “Usenguye izolo, namhlanje, naphakade.” Kwaye uYesu uthe, kuYohane oNgcwele isahluko se-14, umqolo we-12, Wathi, “Lowo ukholwayo kuM, imisebenzi eNdiyenzayo uyakuyenza naye.” Hayi lowo ulikholwa lokuzenzisa, kodwa, “lowo ukholwayo kuM.” Ingaba yinyani leyo, bazalwana bam abangabalungiseleli? Injalo lonto. Bangaphi abafundi beBhayibhile abayaziyo oko ukuba yinyaniso? “Amazulu nomhlaba ayakugqitha,” kodwa aMazwi Akhe awanakusilela. Wakuthembisa oko.

208 Ngoku kukho, akukho ntandabuzo, abantu abagulayo phakathi kwenu phandle phaya. Andinazi, konke konke. Kwaye ukubonakalisa oko bendikutsho kwithuba elidlulileyo, njengeNgelosi yeNkosi kwintsuku ezigqithileyo, iintsuku ezidlulileyo, ngazo, wathi uYesu, “Njengoko kwabanjalo ngemihla kaLote, kuyakubanjalo ekubuyeni koNyana womntu.” Ingaba ninakho ukubona oko ndithetha malunga nako, wona amagama nayo yonke into engenye ngokusendaweni, ibandla lihleli kakuhle, ingaba ninakho ukuyibona? Ngoku ndiqinisekile nifunda phakathi kwemigca izinto endingakhange ndizithethe, niyabona oko ndikuthethayo. Ngoku ukuba nina abantu apha, abagulayo nabanesidingo, Ndi . . .

209 Yintoni umsebenzi endinawo wokuba ndibe lapha? Yintoni ebendiyakuba ndimele yona apha, njengomkhohlisi? Ukuba bendisenza oko, lixesha lam lokuba . . . a, andiyenzeli, andinqweneli kuphila. Mna, ndikhetha ukufa. Ndi, ndikhetha ukuphuma ndibe yiyo nayiphi into engenye kunokuba ndibe ngumkhohlisi. Kwaye yintoni uThixo ayakuyenza kum? Kwaye andiyazi ukuba ndiyakuphila ubusuku bonke, nani ningenjalo. Kodwa umkhohlisi, sifuna ukuba . . . Kunganceda ntoni ukuba ngumkhohlisi, ngelixa unakho ukuba ngowenene? Kodwa, uyabona, Iyengaqhelekanga kakhulu kuni.

210 Ngoku, khangela, ukuba ndibanga ukuba ezi Zibhalo kufuneka zizalisekiswe, endithe ndazifunda kwaye ndanibonisa kubusuku obubini obugqithileyo, oko uYesu wayekuko, yintoni uBukhona Bakhe obuyiyo ngoku! Kwaye Ufanele abuye kwimihla yokugqibela, siyakwazi oko, ngenyama yomntu, kwaye azidandalazise Yena ngendlela enye. Sonke siyakwazi oko. Ingaba singabakuqondayo oko? Yithini “amen” ukuba yiyo. [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Kulungile. Ngoku ukwenzela ukuva kamnandi kwenu, ndithi kuni, ndithi oku kuni, eGameni Lakhe: Úlapha, uThixo okwamnye owehlayo waza wathetha no Abraham, enomhlana Wakhe ujikelwe ententeni, kwaye uSara engaphakathi ententeni, Wayesazi oko wayekucinga.

211 Watsho into ekwanye xa Waza apha. Wajonga phezu kwesihlwele waza wabona oko kwakusentlizweni yabo. Umfazi

wachukumisa ingubo Yakhe; Wabhekabheka de Wamfuna, waze wamxelela.

212 Imfama uBartumeyu wachukumisa ingubo Yakhe, xa wamemezayo, "Wena Nyana kaDavide, yiba nenceba," emi umgama ongamakhulu amabini eeyadi ukusuka apho Wegqitha khona. Ukholo lwakhe lwamisa uNyana kaThixo, endleleni, waza wajika wathi, "Mziseni apha."

213 UZakeyu omncinci phezulu emthini, wazimela, wathi, ke wayengakholwa ukuba NgumProfeti, nakanjalo. Kwaye uYesu weza kanye, wama phantsi komthi waze wakhangela phezulu, wathi, "Zakeyu, yehla," wambiza ngegama lakhe.

214 Xa uYesu engazange ambone uPetros, kwaye u-Andreya wayemzisile ngaphaya. Xa Yena wambonayo esiza, wathi, "Igama lakho nguSimon. Ungunyana kaYona," wamnika yena igama lakhe, wamxelela ukuba waye engubani.

Waxelela uNathaniyeli apho wayekhona, oko wakwenzayo.

215 Umfazi, kwaye uhlobo olunjani lwemeko awayekulo, oko kwakuyingxaki yakhe, oko kwakusisigulo sakhe.

216 Lowo nguThixo, zihlobo! Bangaphi abakukholelwayo oko ngentliziyo yenu yonke, yithi, "Oko kufanele ibe nguThixo"?

217 Bangaphi kuni apha abaziyo ukuba andazi nanye into malunga nani, phakamisa isandla sakho, nje uthi, "Ndiyazi laa ndoda ayazi nto malunga nam, nje—nje ngumntu nje"? Oko koko ndikuko, nje umzalwana wenu. Ndilapha ukuzama ukuninceda.

218 Kodwa ndiyadandalazisa! Bangaphi abayifundileyo incwadi yam kunye nezinto? Nina, niyazi, niyakholelwa oko, iNyaniso? Lena yimihla yokugqibela. Kwaye ngoku iNkosi uYesu isincede.

219 Kwaye ukuba Iyakuza ngobu busuku . . . Kwaye kungabikho namnye kuni oshukumayo. Hlalani nje ezitulweni zenu apho nikhoyo, nize nikholwe, kwaye iNkosi uYesu iyakuza ngobu busuku ize iqinisekise ezi zinto ethe Yazitsho, ezi zinto athe Wazithembisa. Ukuba Uyakuqinisekisa zona oko ukuba yiNyaniso, ingaba niyakukholelwa kuYe? [IBandla lithi, "Amen."—Mhl.] Kholwa!

220 Bawo waseZulwini, ngoku ndithetha ngaWe, oko Wena wawukuko, oko Wena ukuko, ngoku Ungeza na ngaphambili koku kubonakaliswa. Kwaye abo bantu bahleli ngaphandle phaya esihlwelweni, abangaziwayo ngokugqibeleleyo, Ungazazisa Wena na kuthi ngobu busuku, Nkosi, okokuba siyakukwazi kwaye siqaphele ukuba ezi Zibhalo zizalisekisiwe, okokuba "uYesu Kristu ikwanguye izolo, namhlanje, naphakade"? Ngoku ukuba siphila kwimihla yokugqibela, njengoko Watshoyo ukuba Uyakuzityhila Yena kwimhla yokugqibela, njengoko Wenzayo eSodom phambi kokuba unyana wesithembiso afike ku Abraham, kuhle, imbewu yasebukhosini ka Abraham ekhangela laa Nyana

wasebukhosini, into ekwanye iyakwenzeka. Kwaye qaphela kwa neendawo, ixesha, amagama, nayo yonke into igqibelele isemgceni, Bawo. Sincede, siyathandaza, eGameni likaYesu Kristu. Amen.

221 Ngoku ndifuna nithandaze, ngamnye kuni. Nje nantoni engalunganga, celani nje Yena. Ngoku Yena nguMbingeleli Omkhulu.

222 Kakade, bangaphi abalungiseleli abasesakhiweni, phakamisani izandla zenu, ndaweni yonke? Ndiyaqikelela kukho amashumi amathathu okanye amane. Ngoku bangaphi kuni abakwaziyo oku, ukuba iNcwadi yamaHebhere, iTestamente Entsha, isixelela oko kanye ngoku "UYesu Kristu nguMbingeleli Omkhulu onokuvelana nezilwelwe zethu"? Ningaphakamisa izandla zenu nize nithi, "Ndiyayazi iyiNyaniso. IBhayibhile itsho oko?" Injalo lonto. Kulungile.

223 Ngoko ukuba UnguMbingeleli Omkhulu, Ukwanguye izolo, namhlanje, naphakade. Ngoko ukuba umchukumisile Yena ngobu busuku, Uyakwenza njengoko Wenzayo emva phaya. Ingaba injalo? [IBandla lithi, "Amen."—Mhl.] Njengoko Enzile izolo!

224 Kuhle, xa laa mfazi wachukumisa ingubo Yakhe. Uthi, "Owu, kodwa ukuba ndinganakho!" Ukholo lwakho luyayichukumisa. Ubuqu, zange Yena ayive. Yayilukholo lomfazi, olwachukumisa ingubo. Ukholo lwakho lungaMchukumisa ngoku. Niyakukholelwa oko?

225 Ngoko ukuba iLizwi likaThixo libonakalisiwe, Uyakutyhila laa nto inye aze Abonise into ekwanye. Niyakholwa koko ngentliziyo yenu yonke? [IBandla lithi, "Amen."—Mhl.] Kulungile, ngoku nje Mthembeni, Mkholelweni. Sanukuthandabuza. Kodwa yibani nokholo kuThixo, okokuba Uyakuyenza. Umthu othile *ngale* ndlela, thandazani nje kwaye nje nikholelwe ngayo yonke intliziyo yenu, emva koko umntu othile *kule* ndlela. Kwaye ukuba uThixo uyakwenza omnye okanye ababini abantu enibaziyo, oko kokungenakusilela, bangaphi kuni abayakukholelwa ngoko ukuba siyabuqaphela Ubukhona Bakhe? ["Amen."] Ngoko oko kuko konke okuyimfuneko. Kuko konke okuyimfuneko.

226 Nenekazi elihleli kanye phaya, lijonge kum phaya, libulaleka ngengxaki yentliziyo. Uyakholwa uThixo uyakuphilisa intliziyo, akwenze uphile? Unengxaki yentliziyo. Ukuba oko kunjalo, phakamisa isandla sakho. Ingaba ndingongaziwayo kuwe, andikwazi? Kodwa leyo yinyaniso, kulungile, wena, inenekazi, inenekazi elintlokwengwevu lihleli phaya. Kulungile.

227 Inenekazi elineluhlaza, uphakamise isandla sakho phaya, okokuba u—u . . . Ingxaki yakho kukuqaqamba kwamalungu. Uyakholwa ukuba uThixo uyakukwenza uphile, kunye nokuqaqamba kwamalungu? Ukuba oko kunjalo, phakamisa

isandla sakho. Yabona? Kulungile. Yabona? Kwenzekile nje uphakamise . . . Ngoku Into ethile eze phezu kwakho, ayenzanga? Yabona, okwa Kukhanya. Bangaphi abakhe bawubona umfanekiso wokwaKukhanya? Nakuya Kujinga, kanye phezu komfazi. Konke ngaxeshanye emnandi ngenene imvakalelo iza phezu kwakho. Yilonto ekwenzayo, yabona. UThixo akusikelele, ukuphilisile, ukwenze waphila. Ingaba uyayikholelwa?

228 Ingaba uyakholwa ukuba Uyayazi yintoni engalunganga nawe? Kuphela Nguye onokukuphilisa. Sisithunzi esimnyama, isathuthwane. Ukuba oko kunjalo, phakamisa isandla sakho, nenekazi elincinci. Cinga ngokwahlukileyo kunokuba ubuwenzile kwimizuzu embalwa egqithileyo, akunjalo? Uyabona xa ndimise olwabizo, ukwenza okuya? Yilonto ibiyeyayo, ibiyeyakho. Ngoku ukuba uyakukholelwa ngentliziyo yakho yonke, zona iziqalekiso ziyakumka kuwe. Ingaba uyakuyamkela kwaye uyikholelwe ngentliziyo yakho yonke? UThixo akusikelele. Hamba, yikholelwe.

229 Eli nenekazi lihleli kanye apha, ligula ngengxaki yesisu, ingaba uyakholwa ukuba uThixo uyakukuphilisa? Kanye apha ekupheleni, ingaba uyakholwa ukuba uThixo uyakukuphilisa, akwenze uphile kwingxaki yesisu? Uyayenza, uyayamkela? Kulungile. UThixo akusikelele.

230 Ndingongaziwayo ngenene kumfazi, andimazi. Ungumfazi nje ohleli phaya, kodwa uThixo uyamazi. Ingaba niyakholwa ngentliziyo yenu yonke ngoku? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Kulungile, yibani nokholo nje.

231 Inenekazi lihleli kanye apha ekupheleni, ligula ngengxaki yesingxobo senyongo. Linamatye enyongo, isibindi, iyakukhathaza. Ukuba oko kunjalo, phakamisa isandla sakho; ongaziwayo ngenene kuwe, ukuba oko kunjalo. Yabona?

232 Inenekazi lihleli kanye apha ecaleni kwakho, liyabulaleka, nalo. Yabona Kona, akukuboni okwa kuKhanya phezu kwala mfazi? Inenekazi linengxaki yezintso. Injalo lonto. Linomchamo otyhefekileyo ezintsweni zalo. Injalo lonto, phakamisa isandla sakho. Inenekazi elikuchukumisileyo ngoko, ligula yi—yinkxwaleko yobuphakuphaku. Nobabini ningabangaziwayo, anisuki apha. Injalo lonto, ayinjalo? Nisuka e-Iowa. Nisuka kwisixeko saseDes Moines. Injalo lonto, ayinjalo? Uyakholwa ukuba uThixo angandixelela ngubani igama lakho, njengoko Wenzayo kuPetros? Ukuba uyakukholwa ngentliziyo yakho yonke! Igama lakho nguNkskz. Wolff. Injalo lonto, phakamisa isandla sakho. Kulungile, buyela emva uphilisiwe ngoku, uYesu Kristu ukwenze waphila.

233 Ingaba niyabuqaphela uBukhona Bakhe, niyayazi ukuba Úlapha? Ngoko aninakubeka izandla omnye phezu komnye ngoku, ngelithuba uMoya oyiNgcwele uphezu kwenu. Lowo nguMoya oyiNgcwele kuni. Ngoku wonke ubani kuni

angaphiliswa ngoku ukuba niyakuyikholwa nje. Ingaba niyayikholwa ngentliziyo yenu yonke? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.]

234 Bawo waseZulwini, akukho nto ishiyekileyo ngoku kuphela lukholo. Ngoku silahla bonke ubumnyama. Xa imvuselelo, njengoko nditshilo ekuqaleni, iliza liyehlela phezu kwamanzi ukuwaphehluzelisa liwanyuse liwahlisa, uku—uku—ukukhuphela ukungakholwa ngaphandle kulo; ngoku ngelixa uMoya oyiNgcwele uwangazelisela ngasemva nangaphambili ebantwini apha, kwanga konke ukungakholwa kungasuswa, kwaye anga amandla kaSomandla uThixo enze wonke ova ubunzima akhululeke ngobu busuku.

235 Ndikhalimela umtyholi. Sathana, akuyonto kuphela isigrogriso, kwaye uveziwe kanye apha phakathi kwabantu, ngobungqina beSibhalo bophilileyo ovukileyo uYesu. Ndiyakuyalela, ngoThixo ophilayo, phuma kwaba bantu kwaye ubashiye uhambe, ngenxa yozuko lukaThixo.

236 Bonke abamkela impiliso yabo, yimani ngeenyawo zenu ngoku kwaye nithi, “Ndiyakholwa. Akukhathaliseki nokuba kwenzeka ntoni, ithabatha ixesha elingakanani, ndisayazi ndizakuphila. Ndiyayamkela, ngentliziyo yam yonke.”

237 Phakamisani izandla zenu ngoku. “Enkosi, Nkosi.” Dumisa iNkosi. Injalo lonto, Mnikeni indumiso. Ngoku phakamisani nje izandla zenu kwaye niMdumise ngenxa yempiliso yenu, ngendlela enenza ngayo emabandleni enu. Mzalwana . . .

Ubukho BukaThixo Bungaqatshelwanga XHO64-0618
(The Presence Of God Unrecognized)

Lo Myalezo ka Mzalwana William Marrion Branham, waqala ukushunyayelwa ngesiNgesi ngokuhlwa ngoLwesine, ngoJuni we-18, 1964, kwiHolo kaMaspala eTopeka, Kansas, U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waze wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yi Voice Of God Recordings.

XHOSA

©2020 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

Voice Of God Recordings, South Africa Office
58 Disa Road, Admiral's Park, Gordon's Bay 7140 Western Cape
Republic Of South Africa

Voice Of God Recordings
P.O. Box 950, Jeffersonville, Indiana 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org